

AMAHEBHERE, ISAHLUKO

SESITHANDATHU ²



... ukufundisisa elixabisekileyo iLizwi Lakhe.

Ndingenile, kwixesha eligqithileyo, kwaye bendifumbathe iiBhayibhile ezimbini. Kwaye ndiye ndaba nodliwano-ndlebe kunye nenenekazi emva apha, ndaza ndalixelela ukuba bendishumayele kokuphuma kuzo zombini, ngesibe nesihle kakhulu isiqendwana. Kodwa esi sisichazi-magama esiGrike, ke into ethile endifuna ukuyifunda koku, ngobu busuku. Ili—ili... Ilutoliko lwegama negama, ukusuka kwisiGrike semvelo, ukuya kwisiNgesi. Kwaye ibeluncedo oluninzi kum kuwo umgca. Kwaye ndifuna nje ukufunda into ethile kuyo, ngokuba ngoku sifundisisa kule Ncwadi yamaHebhere, kwaye ngoku nje sifika kwezinzulu iintsingiselo zenene.

219 Kwaye ndimxelele uMzalwana uNeville, kwimizuzu embalwa egqithileyo, “Singena kwindawo apho abantu bakrwempa intloko yabo baze bathi, ‘Andikukholelwa okuya.’” Yabona? Elo luhlobo esingena kulo. Oko kulapho sithanda khona.

220 Omnye umlungiseleli wathi kum, wathi, “Kuhle, ndiyaqikelela kuyakubakho okuninzi ukukrwentshwa kwentloko.”

221 Ndathi, “Oko koko esifuna ukukwenza.” Yabona?

222 IBhayibhile kuphela ingaba nentsingiselo enye. Ayinakuba neentsingiselo ezimbini. Kwaye ukuba enye indawo yeBhayibhile itsho enye into, kwaye enye indawo yeBhayibhile itsho into engenye, ngoko into ethile ayilunganga. Yabona? Ifanele itsho into, yonke indlela ukuqhubeka. Kodwa, khumbulani, ekufundisiseni iBhayibhile, “Ifihliwe emehlweni ezilumko nengqondi, yaze yatyhilwa kwiintsana,” ngokuba iyiNcwadi engokomoya.

223 Kwaye asiyoncwadi yasentshona. YiNcwadi yaseMpuma. Kwaye inye kuphela into enokuyitolika Yona, kwaye leyo nguMoya oyiNgewe. Ndiyayazi ukuba ngamnye kuthi ufuna ukutsho, ukuthi, “UMoya oyiNgewele usixelela oko sikholelwa kuKo.” Ke, ngoku, ukuba sonke iSibhalo singqamana ngokuchanekileyo ngokufanayo, ngoko lowo nguMoya oyiNgewele. Ukuba asingqamani, kwaye ibenesithuba *apha*, nesithuba *ngaphaya*, ngoko kukho into ethile engalunganga nokholo lwethu. Kwaye, owu, yiNcwadi emangalisayo.

²²⁴ Ngoku, ndifuna nina nenze oku ngelixesha sifundisayo. Ngoku, sifanele simke ngethuba kusasa ukuya eWyoming, iNkosi ithandile. Sithandazeleni.

Kwaye le veki izayo, umzalwana uGraham Snelling, apha . . . Ukhona. Ndimvile, nje kwimizuzu embalwa egqithileyo, esenza isibhengezo sakhe. Kwaye eli bandla likwintsebenziswano ezeleyo kunye nemvuselelo yakhe. Kwaye siyathandaza kuThixo, ukuba amnike egqithisileyo, eninzi, enkulu imvuselelo. UMzalwana uGraham ube nemvuselelo ukwenzela uMzalwana . . . phezulu apha eCharlestown, UMzalwana uJunior Cash, kwaye kwakukho kanye ikhulu labaguqukileyo, ndiyakholwa. [Umntu othile uthi, “Amashumi asibhozo anesine.”—Mhl.] Amashumi asibhozo anesine abaguqukileyo. Ke, kokuya, sinika uThixo ukubongwa. Kwaye siyathemba ukuba iyakuba namakhulu amahlanu anamashumi asibhozo anesine phezulu apha, kule ndawo apha.

²²⁵ UMzalwana uGraham udibene nam namhlanje, waze wathi, “Ngoku, Mzalwana uBill, ndiqinisekile ukuba uyaqonda ukuba andikho apha ukuza kuqalisa omnye umsebenzi ekuchasaneni nomnquba, ngokuba ndiyinxalenye yomnquba.” Ulapha nje uku. . . Uva entliziyweni yakhe ukuba ufuna ukubamba imvuselelo, kwaye iNkosi imkhokelela ukuba ayenze. Kwaye—kwaye wamema abaguqukileyo, kwaye unebandla, ukubagalela kulo, “Nali ibandla elilikhaya, ukuba uyangena, uthe waguquka.”

²²⁶ Kwaye ngumsebenzi wethu, njengamaKristu, ukumxhasa ngayo yonke into esinokubanako. Kwaye iNkosi imsikelele uMzalwana uGraham. Kwaye ni, nonke, ngobubele nimenyelwa kumhlangano kaMzalwana uGraham phezulu apha, ngemvume ezeleyo esuka kwelibandla, kunye nentsebenziswano ezeleyo yokumnceda kuyo yonke indlela esinakho, ukwenzela imiphefumlo elahlekileyo genxa yobuKumkani bukaThixo.

²²⁷ INkosi ikusikelele, Mzalwana uGraham, ikunike imihlangano emikhulu. Akayazi ukuba uzakuvala nini. Usaqalisa nje. Kwaye ke, uMzalwana uGraham ube nayo njengam, amaninzi *amahla ndenyuka*. Leyo yindlela ubomi obuhamba ngayo. Ikwenza uxabise *ukwenyuka* emveni kokuba uphumela *ekwehleni*. Ukuba indoda iyawa ize ilale phaya, iligwala. Ndifumana ukuthembela xana indoda iyakuvuka ize izame kwakhona. Injalo lonto. Ndiqinisekile ungakutolika oko ndibhekiselele kuko. Ngoku, ningayilibali, kuleveki izayo.

²²⁸ Ngoku, kuleNcwadi yamaHebhere, asiyi kuthabatha mvelaphi ngobubusuku.

²²⁹ Ngoku, kwiCawa elandelayo, iNkosi ithandile, uMzalwana uNeville uyakwazisa. UMzalwana uCox apha, okanye omnye wabo, uyakumazisa, ukuba singene ngexesha ukwenzela umhlangano weCawa elandelayo.

Uyakuyazisa kunomathotholo. Kwaye si . . . Nonke niphulaphula kunomathotholo wakhe ngoku, kwaye—kwaye—kwaye nimeme bonke abamelwane benu ukuba baphulaphule. Ndifumana ulonwabo ngenene ekuphulaphuleni kwintshumayelo yabo nokucula, isine sabaculi bakwaNeville. Andikutsho oko kuba ehleli apha. Ukuba bendikutshilo oko, kwaye ndingabhekiselelanga kuko entliziyweni yam, bendiyakuba ngumhanahanisi. Injalo lonto. Bekuyakufuneka ndiguquke. Kodwa ndibhekiselele kuko. Kwaye bendingaxolela ukumnika iquva lomfiyo elincinci ngoku kunenkatha yonke yeentyantyambo emveni kokuba emkile.

230 Ngelinye ixesha ndandihamba ndiphuma ngomnyango phaya, kwaye kwakukho inenekazi lisiza, laze lathi, “Mzalwana uBranham, owu, indlela endiye ndawonwabela ngawo lamyalezo!”

231 Ndathi, “Enkosi.” Kundenze ndaziva kamnandi.

232 Omnye ongomnye weza, wathi, “Mzalwana uBranham, ndiyawonwabela la myalezo.”

233 Ndathi, “Enkosi.”

234 Kwakukho umshumayeli omncinci phaya, ukusuka phezulu apha kwindawo yasentla yelizwe, kwiphondo, wathi, “Makasikelelwe uThixo, andifuni abantu badlisele ngam ngolwahlobo.”

235 Ndathi, “Ndifuna njalo.” Ndaze ndathi, “Kukho nje omnye umahluko phakathi kwam kunye nawe. Ndinyanisekile malunga nayo.” Injalo lonto. Sonke siyakuthanda ukuva amzwi amnandi ethethwa malunga nathi. Kwaye ndi—ndicinga kuhle ukutsho amazwi amnandi malunga nayo. Kwaye ukuba ufuna umntu othile atsho amazwi amnandi malunga nawe, yitsho amazwi amnandi malunga nomntu ongomnye. Leyo yindlela yokwenza oko, ngoko uyakusoloko usitsho ezona zimnandi izinto onakho malunga nomntu wonke. Kwaye oko kwenza ivili liqengqeleke ngcono.

236 Ngoku, koku, kwiCawa elandelayo, iNkosi ithandile, kolwam uluvo, sinayo, siyangena nje nzulu nanzulu kwezi zinkulu iimfihlelo zikaThixo. Siya kuMelkitsedeki: AwayenguYe, apho asuka khona, apho Waya khona, kwenzeka ntoni kuYe, nako konke malunga noMelkitsedeki.

237 Kwaye ngoku, kubusuku obugqithileyo bangoLwesithathu, uMzalwana uNeville ubethe kwesokugqiba isahluko sobukhulu ubuThixo kunye nobubingeleli beNkosi yethu uYesu, obuqala ekuqalekeni, “UThixo, kumaxesha akudala nangeendlela ezininzi wathetha koobawo ngabo abaprofeti, kuwo lomhla wokugqibela uthethe kuthi ngoNyana Wakhe, uKristu uYesu.”

238 Ngoko uyaqhubeka, kwaye aqalise ukuchaza kwaye athelekelelise oko Wayekuko Yena, kuMzisa ezantsi kwisahluko se-5, ekupheleni kwesahluko se-5.

239 Emva koko kuqalise kwisahluko se-6, sinako oku kwisifundo sethu ngale ntsasa.

Masithi ngoko siyeka iziseko zemfundiso kaKristu, masiye kwingqibelelo; . . .

240 Bangaphi abawonwabeleyo umyalezo kwingqibelelo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Masiye kwingqibelelo.” Oko yayingumyalezo wethu, ngale ntsasa, kwisahluko se-6 samaHebhere.

241 Ngoku sisandula ukungena kwindawo apho siqalisa ukufumana i—indawo yenene. Owu, sonke singavumelana phezu kwezi zinto: phezu kobuThixo bukaKristu; nasekubeni Yena enguNyana kaThixo; kwaye indlela Awayekunye noThixo, kwaye uThixo ekunye naYe; kwaye WayekuThixo, kwaye uThixo ekuYe, kunye nanjalo njalo. Sonke siyavumalana phezu kokuya. Kodwa, ngoku, ukusuka apha ukuqhubeka, andiyazi sizakuvumelana njani. Ke nantonina eyiyo, bonke ubusuku obumbalwa, sizakuninika ithuba lokundibhalela isibhilivana nize nindixelele yintoni eniyicingayo malunga naYo.

242 Ngoko kuyakufuneka ndiphendule imibuzo. Kwaye ukuba andinakuyifumana, ndiyakuthi, “Mzalwana uNeville, yintoni oyicingayo malunga nokuya?” Ndiyakuthi, “Nankuya. Makayiphendule.” [UMzalwana uNeville uthi, “Kuxa ndiyakufunda isiGrike.”—Mhl.] Ngoko kuxa ezakufunda isichazi-magama, afumane isiGrike. Ndingca lixesha lam lokuba ndiyenze, ngokunjalo.

243 Kodwa, ngoku, ukuba siyakuhlala phantsi kwaye sinyaniseke ngenene, kwaye size ngenene ngenjongo enye, oko kukuthi, sifunde. Ndifuna ukufunda, nam. Kwaye iBhayibhile ibhaliwe, yathi, “Iyi . . . IZibhalo azingokuzitolikela.” Oko kuthetha iSibhalo masitolike iSibhalo. Yabona? ISibhalo ngasinye masitolike esinye, yonke indlela ngayo iBhayibhile, ukuyenza into enye enkulu. Ngokuba, uThixo akanakuguquka, ngokuba Ungongaguqukiyo uThixo.

244 Ngoku, “Sishiye . . .”

Masithi ngoko siyeka iziseko zemfundiso kaKristu, masiye kwingqibelelo; . . .

245 Ndiyamthanda uPawulos esitsho ezo zinto. UPawulos akazange abe ngumntu othanda ukuhlala ixesha elide endaweni enye. Wayethanda ukuqhubeka, nzulu kakhulu. Ngelinye ixesha, kwiSibhalo, wathi, “Mna, ndilibala ezo zinto ezigqithileyo, ndiphuthume ngokuxunela kuphawu lobizo lwaphezulu.” Yabona? Uyaqhubeka ukuphuthuma exunela.

246 Apha wathi:

Ngoku silibala *iziseko zemfundiso kaKristu* (wayeNgubani Yena, wayeyintoni Yena), *masiye kwinqibelelo*; . . .

²⁴⁷ Ngoku thina, kuqala, besifuna ukufumanisa, “Singabanakho *ukugqibelela*?” Kwaye safumanisa, eZibhalweni ngale ntsasa, uMateyu 5:28, ukuba uYesu watsho ukuba thina “kufuneka nje sigqibelele njengokuba uThixo wayenjalo,” okanye asiyi kungena.

²⁴⁸ Ngoku safumanisa ukuba sasinjalo, wonke umntu, “uzalelwe esonweni, wabunjelwa ebugwenxeni, weza ehlabathini ethetha ubuxoki.” Kwaye kwakungekho nenye into elungileyo malunga nathi, ke singaze sigqibelele njani?

²⁴⁹ Ngoku naku koko sikufumanisileyo ngoko, ngaphaya, ukufunda, ukuthabatha iSibhalo ngeSibhalo, okokuba, “uYesu, ngedini elinye, wagqibelelisa ngonaphakade, iBandla Lakhe.” Yena . . . Ngoko ke sigqibelele, ngoKristu. Kwaye sikhululekile emgwebeni, ngaye uKristu. Asisayi kufa, ngaye uKristu. Siphulukene nokufa saza safumana uBomi, ngaye uKristu; hayi ngayo nayiphi icawa, hayi ngalo naliphi ihlelo, hayi nangokuphi ukubaxa, hayi ngokuthetha iilwimi, hayi ngokukhwaza, hayi ngokudlikidla, hayi ngokudanisa eMoyeni, kodwa ngobabalo.

²⁵⁰ UThixo ubiza lowo Athandayo. Kwaye konke kungolwanyulo, siyafumanisa. Siyafumanisa, okokuba, “Asinguye lowo ofuna ukusindiswa. Hayi lowo uthandayo okanye lowo ubalekayo; nguThixo obonakalisa inceba.” “Kwaye akukho mntu onokuza kuYesu ngaphandleni kokuba uThixo amtsale, kuqala.” Ke yintoni onayo yokwenza malunga nayo, kakade? Akunanto yakwenza nayo. Akukho semfanekisweni, konke konke.

²⁵¹ Sifumanisile ukuba umntu akazange wafunana noThixo. NguThixo owafunana nomntu. Kwaye sifumanisile, ngoko, ukuba uThixo ukukuphela komthombo woBomi obunguNaphakade. Sifumanisile ukuba yonke into enguNaphakade ayinasiqalo okanye ayinasiphelo. Ngoko ke, siyafumanisa ukuba isihogo sinesiqalo, kwaye sinesiphelo. Kwaye kukho kuphela . . . Akukho mntu onokuze atsho ukuba isihogo sikho ixesha elide; ewe, sikho ixesha elide, kodwa asingoNaphakade.

²⁵² *Ixesha elide* si “sithuba sexesha.” IBhayibhile ithi, “Naphakade kanaphakade.” Kwaye uyayijonga uze ufumanise ukuba *ixesha elide* akathethi “isithuba sexesha.” UYona wathi wayesembilini womnenga “naphakade.” Kwaye ezininzi ezinye iZibhalo, *ixesha elide* kuphela lithetha “isithuba sexesha.”

²⁵³ Kodwa, uNaphakade, oko “ngunaphakade”; ngunaphakade kanaphakade kanaphakade kanaphakade kanaphakade. NguNaphakade. Kwaye siyafumanisa ukuba isihogo asingoNaphakade, kodwa silixesha elide. Kwaye isizathu,

kufuneka uwaqaphele loo magama, ngoku. Ukuba akuyenzi, uyaphixana. Ngoku, khumbula, nje ezo zinto ezingenasiqalo, azinasiphelo. Ngoko ke, uYesu wathi, “Lowo uwevayo aMazwi aMaze akholelwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi,” ixesha elide? Ingaba ivakala kakuhle? Hayi. “UnoBomi obunguNaphakade.” Kwaye igama *Naphakade* ngu “Thixo.” Igama, nali lilapha kanye kwisichazi-magama sesiGrike: *Zoe*, “uBomi bukaThixo” kuwe. Kwaye unguNaphakade nje ngoThixo enguNaphakade, ngokuba unoThixo kuwe.

²⁵⁴ Indalo yakho endala yafa, indalo yehlabathi, kwaye uba sisidalwa esitsha. Kwaye iminqweno yakho, oba bomi budala obabanesiqalo xana uThixo waphefumlela emathatheni akho, xana wawuzalwa, oba bomi bendalo yasenyameni bafa. Kwaye babunesiqalo kwaye babunesiphelo, kwaye bafa baza basuswa naphakade, indalo endala. Kwaye uThixo wangena ngaphakathi kunye neNdalo entsha. Ngoko, uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ubunono, uxolo, umonde, nobulali, ububele, oko kwangenayo; kwaza kwathatha indawo yolunya, nomsindo, nentiyo, no—nokukhuphisana, imbambano, nazo zonke ezo zinto. Kwathabatha indawo yayo, xana wagqitha ekufeni wangena eBomini. Uyayifumana, kufutshane ngenene, ngoku? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

²⁵⁵ Ke, phulaphulani. Sinye kuphela isimo soBomi obunguNaphakade. Bufumane Bona. Oko nguye, uThixo yedwa unoBomi obunguNaphakade. IBhayibhile yatsho njalo. UThixo yedwa unoBomi obunguNaphakade. Kwaye ukuba umntu uzakuba ubunzima esihogweni, naphakade, kufanele abe noThixo, uNaphakade. Kodwa ndithi kukho. . .

²⁵⁶ Ngoku, khumbulani, andithi akukho sihogo sivuthayo. Sikhona isihogo esivuthayo, umlilo nesalfa. “Apho i—impethu i. . . umlilo awucimi kwaye impethu ingasokuze ife,” somlilo nesalfure, isohlwayo. Ingaqhuba amakhulu ezigidi zezigidi zeminyaka. Kodwa ifanele ibe nesiphelo, kuba isihogo sadalelwa umtyholi neengelosi zakhe. Kwaye yonke into athe kwayena Thixo, Ngokwakhe, owayesekuqalekeni, yonke into iphuma kuThixo. Xana kwaloMoya. . .

²⁵⁷ Thabatha nje *uMoya* wothando, owawungumthombo omkhulu kaThixo, onyulu, ongakrezezwanga. Ukusuka kokuya, kwaphuma uthando *olugqwethekileyo*. Emva koko leza kuthando *lobuntu*. Emva koko leza kuthando *lwesondo*. Emva koko leza kwamaye amathando, amathando namathando, kwaye nje laqhubeka ligqwetheka ukwehla de ibe *bubumdaka* nje. Kodwa zonke ezo zinto zinesiqalo. Kwaye ngenye imini iyakusongeka ibuyele kanye nkqo emva apho isuka khona; nguNaphakade; apho inkanuko, uthando lobuntu, uthando lwemvakalelo, onke loo mathando kuyakufuneka apheze.

258 Lonke olukhoho lokuzenzisa loKholo kuyakufuneka lupheze. Lunye kuphela uKholo lwenyaniso. Onke amanye kuyakufuneka apheze. Ayekukugqwetheka okuphuma kulomthombo wenene.

259 Ke, ngoko ke, isihogo, ukuva ubunzima, ukuva ubunzima asinguNaphakade. Ukuva ubunzima kwaziswa ngenxa yesono, kwaye isono sazisa ukuva ubunzima. Kwaye xana isono sigqityiwe, ukuva ubunzima kuyakufuneka kuphele, nako. Kwaye kuyakubakho ixesha apho aboni, abangazange bamnkela uKristu, emveni kokuba bohlayiwe mhlawumbi malunga nekhulu lesigidi sezigidi zeminyaka, . . . Andiyazi, mhlawumbi malunga nesigidi samakhulu alishumi esigidi sezigidi sonyaka. Andinakukutsho. Kodwa iyakufuneka ifike esiphelweni, ngelinye ixesha, kuba asinguye uNaphakade.

260 Ngoku, sizakuxunela phambili ngoku, ukuya kwingqibelelo. Ngoku phulaphulani, njengoko singena kuMyalezo.

*. . . hayi ukubeka kwakhona isiseko senguquko
kwimisebeni efileyo, nakulo ukholo kuThixo,*

*Lwemfundiso ngeembhaptizo, . . . ukubekelwa
kwezandla, . . . uvuko lwabafileyo, no . . . umgwebo
ongunaphakade.*

261 Phulaphulani ngoku. Sinezimbini. . . Sinomfanekiso apha, ngoku. Ngoku kanye apha kulapho sizakufumana ukungavumelani okuninzi. Ngoku kufuneka ubone apho ukhoyo umfanekiso. UPawulos uzama, apha, ukwahlula *umthetho kubabalo*. Sinemifanekiso emibini: omnye, owenyama; omnye, owomoya. Kwaye uPawulos uzama uku—ukuphambuka phakathi kokubini, ukubonisa amaYuda. Le ncwadi iya kumaHebhere. Kwaye konke amaHebhere azama ukubonisa yindlela yeTestamente Endala izikelisa eNtsha. Ke, unemifanekiso emibini apha phantsi kwengqwalaselo.

262 Ngoku phulaphulisani njengoko sifunda. Ngoku wathi:

*. . . siyeka iziseko zemfundiso kaKristu, masiye
kwingqibelelo; . . .*

263 Ngoku, sifumene okuya ngale ntsasa, indlela esigqityeleliswa ngayo. Ngokugqibeleleyo, ngokuqinisekileyo kungekho siphako nakusoleka, nasinye isono kuthi. Ingaba ungaphezulu kokulingwa? Sokuze. Ingaba wona yonke imihla? Ewe, mhlekazi. Kodwa, noko, sigqityelelisiwe ngokuba sikuYe. Kwaye uThixo ebengenakho ukusigweba kwakhona (ebengayi kuba lilungisa), sele Yena esigwebile kuYe. Xana Wagweba uKristu: Wagweba mna, Wagweba wena. Kwaye Yena akanakundigweba kwakhona, ngokuba Yena wathabatha isigwebo sam ukuba ndihlangulwe.

264 Kwaye ndinetikiti lokubonisa ukuba ndiyihlangule iwotshi yam kwivenkile yokubambisa ngempahla, makathi umntu azame ukuyibuyisela emva kwivenkile yokubambisa ngempahla kube kanye, xana ndinetikiti. Ndiyihlangule.

Kwaye ukuba umtyholi angazama ukubeka isohlwayo kum, ndinetikiti elibonisa ukuba ndibe ndihlangulwe. Ewe, mhlekazi. Akukho kugwetywa kakhona! “Lowo uwevayo aMazwi aM, kwaye akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade, kwaye akasayi kuya emgwebeni, kodwa ugqithile ekufeni wangena eBomini.” Elo litikiti lam. Wandinika isithembiso.

265 Ngoku, ngoku umfanekiso, apha.

...hayi ukubeka kwakhona iziseko zenguquko kwimisebenzi efileyo, no...kholo kuThixo,

...imfundiso yobhaptizo, ...ubekelo lwezandla, ...uvuko lwabafileyo, ...umgwebo wanaphakade.

266 Ngoku, khumbulani. Ingaba niqwalasele ela gama lisetyenzisiwe kwakhona? Silisebenzisile ngale ntsasa, “Umgwebo wanaphakade.” Xana uThixo wathethayo kwabakanye, LinguNaphakade. Alinakuguqulwa, nakancinci. Ke, umgwebo unguNaphakade, yasoloko ingumgwebo. Kwaye akukhathaliseki sesiphi isizukulwana esiphila kuso, isizukulwana esinye siyakuphila, kwaye umthetho omnye uyakuphila, kwaye ukokoko, okanye nangaliphi ixesha, kunye *noku nokuya*. Kodwa umgwebo kaThixo usenguNaphakade, Yena ufanele abe njalo, ngokuba Yena wathetha iLizwi. Xana uThixo ethethe iLizwi, Lifanele libe nguNaphakade. Injalo lonto.

267 Ngoku mandinifundele okuya kwisiGrike. Phulaphulani indlela efundeka ngayo.

Ngoko ke sishiya—sishiya iziseko zeemfundiso ngoKristu, Ocanyagushelweyo, kufanele sityhalele—sityhalele kwi...

Ngoku, andinakho ukuyifunda. Ayicaci. “Kwaye singabuyi sibeke isimo...” Silapha.

...singabuyi simise kwakhona isimo sohlaziyo kwimisebenzi ebangela ukufa.

268 Ngoku, esi sichazi-magama asilulo ngokuqinisekileyo utoliko, konke konke. Ligama nje lesiGrike loko isiNgesi sikutshoyo. Kwaye yathi, “Ngoku asifuni...” Phulaphulani apha, yabona.

...singabuyi sibeke iziseko zohlaziyo ezibangela ukufa.

269 Ngoku ukuba niyakufaka oko engqondweni yenu, yokokuba uyathetha apha, ukuba, “Izimo zohlaziyo ezibangela ukufa.” UPawulos wathi, “Sishiya iziseko, siya kwingqibelelo, singabuyi sibeke isiseko senguquko kwimisebenzi efileyo neyokholo kuThixo: iimfundiso zobhaptizo, ubekelo lwesandla, uvuko lwabafileyo, umgwebo onguNaphakade.” “Izimo zohlaziyo

ezibangela ukufa,” yayingamagama angawo. Oko ngenene koko uPawulos wakubhalayo. Yabona azama ukukwenza?

270 Ngoku, zonke ezi zinto, njengeembhaptizo: omnye ubhaptizelwe ngasemva, omnye ngaphambili, omnye egameni likaYise, Nyana noMoya oyiNgcwele, omnye egameni likaYesu, omnye *ngale* ndlela, *nangala* ndlela, nazo zonke ezi zinto zahlukileyo zincinci zeembhaptizo.

271 Nokubekelwa kwezandla: “Makasikelelwe uThixo, ndinesipho sokubekela izandla. Haleluya! Wena, wena ungayifumana *ngale* ndlela. Haleluya!”

272 Ukubekela konke oko ecaleni, ngokuba leyo yimisebenzi efileyo, ezi zihlaziyo, zihlaziwayo. Yabona? Yena uthetha ngelinye ibanga. Ngoku wathi, “Masisuke kokuya, size siqhubekele kwingqibelelo.” Niyayifumana Yona? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

273 Kwaye ibandla lisazilazila emva kwezo zinto. Oko koko babezama ukukwenza. AmaHebhere angaphambili ayezama ukuthi, “Kulungile, ndandibhaptizelwe ekuntywiliselweni, kwaye—kwaye ndafumana *oku, noku*, nazo zonke ezi zinto.”

274 Wathi, “Ngoku, bekela konke okuya ecaleni, ukuyishiya ngasemva.” Kodwa, ngoku, ingaba uthe kufuneka singayenzi? Ngoku phulaphulani koko wakutshoyo malunga nokuya.

Kwaye oku siyakukwenza, . . . uThixo evuma.

275 Kwaye eyemvelo yatsho into enye.

Oku siyakukwenza, ukuba uThixo uyakusivumela, yabona.

Oku siyakukwenza, ukuba uThixo uyasivumela.

276 Imbhaptizo, ubekelo lwezandla, nezinto, kodwa oko asiyongqibelelo. Eso kuphela sisimo sobunyama. Kwaye kulapho amabandla ashiya khona, namhlanje, kukokwa kuhlaziya ngokwenyama. Omnye wabo wathi, “Owu, kuhle, amanzi, igama ubhaptizo lithetha *oku* kwaye lithetha *okuya*.”

277 Kwaye benza imibutho: kwaye omnye uyafefa, omnye uyagalela, omnye uyabhaptiza ubuso bubhekiswe phambili, omnye ngasemva, kwaye zonke ezo zinto; abanye babo ukubekela izandla abagulayo, abanye benza abapostile, kwaye abanye benza abaprofeti nanjalo njalo, ngokubekela izandla; nokushumayela uvuko kwabafuleyo, kwaye kukonke kulungile; kwaye obuphakamileyo ubuThixo bukaKristu, konke oko kulungile. “Kodwa,” wathi, “zonke ezi ziziseko zohlaziyo. Sibe sihlaziya nje. Ngoku masiye kwingqibelelo.” Niyawufumana umfanekiso? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

278 Ngoku qaphela. Apha kulapho indawo enzulu izayo ngoku.

Kuba akunakwenzeka kwabo bakhe bakhanyiselwa, baze basiva isipho sasemazulwini, kwaye benziwa amadlelane ngoMoya oyiNgcwele,

Kwaye bangcamla kwilizwi elilungileyo likaThixo, . . . amandla ehlabathi elizayo,

Ukuba bayakuwa, bazihlaziyele kwinguquko kwakhona; ekubeni kuba bathe bambethelela uNyana kaThixo kwakhona, baze bamhlazisa ekuhlени.

279 Ngoku, ndiyayazi nina bomthetho ongqongqo eninako engqondweni yenu kanye ngoku, kodwa anilungisanga. Yabona? Kulungile. Ndime koku, kwaye iBhayibhile iyayiqinisela, okokuba, “Ukuba uThixo wakhe wasindisa umntu, usindiselwe ixesha noNaphakade.” Akunakuyenza Yona itsho into engenye.

280 Abanye beziseko beza kum, kungekudala, baze bathi, “Ndikufumene kwenye, Mshumayeli uBranham. Ndikufumene kwenye. Uthe, ‘Ukuba umntu wayesindisiwe, akanakulahleka?’”

281 Ndathi, “Yilonto uThixo wayitshoyo.”

282 Wathi, “Ndifuna ukukubuza into ethile. USawule wayengumprofeti, kwaye waprofeta. Kwaye uyayazi wayengumthanjiswa kaThixo. IBhayibhile yathi wayenguye. Kwaye wazibulala, kwaye walahleka.”

283 Ndathi, “Ingaba wabanjalo?” Ndathi, “IBhayibhile idandalazisa ukuba wa ‘sindiswa.’ Emveni kokuba waba lutshaba kuThixo, wayesasindisiwe. IBhayibhile yathi wabanjalo. Kwaye, emveni kwako konke, akazange azibulale. UmFilistiya wambulala, kwaye uDavide wambulala umFilistiya ngenxa yokubulala yena. Wawela ekreleni lakhe, umkhonto, ikrele, kodwa, wayenza. Alizange limbulale. Kwaye umFilistiya wambulala. Kwaye ngoko xana uSawule wehlayo waya kwigqwirha, laza labiza umoya kaSamuweli, ngokuba wayengangenanga eLuzukweni, wayesaparadesi phantsi kwegazi eliphalaziweyo lweenkunzi zenkomo neebhokhwe ntoleyo eyayingenakusisusa isono. Kodwa kwafuneka abe nendawo yokulinda, ebizwa iparadesi, ade angene.”

284 Apho kulapho nina bantu abangamaKatolika niye naphixana khona. Yabona? Ngoku, akusekho paradesi ngoku. Siya ngqo eBukhoneni bukaThixo.

285 Kwaye xana igqwirha lase Endore labiza lanyusa umoya kaSamuweli, nankuya wema. Kwaye lawa ngobuso balo, laze lathi, “Kutheni undikhohlisile?”

286 Kwaye hayi kuphela uSawule emile phaya. . . Ndithetha uSamuweli, kwiingubo zakhe zobuprofeti, wayesengumprofeti. Wathi, “Kutheni undibizile wandikhupha ekuphumleni kwam,” wathi, “ekubeni uthe waba lutshaba kuThixo?”

287 Wathi, “Ke, i-Urim ayisayi kuthetha nam kwakhona. Umprofeti akanakuprofeta kum kwakhona. Andisafumani naphupha.”

288 “Kuhle,” uSamuweli wathi, “Uye waba lutshaba kuThixo. Kodwa ngomso imfazwe iyakuya ngenye indlela, kwaye uyakufa ngomso. Kwaye ngalo eli xesha, ngomso ebusuku, uyakuba nam.” Ukuba uSawule wayelahlekile, ke wayenjalo uSamuweli, bobabini babekunye. Ngokuqinisekileyo. IBhayibhile yatsho njalo.

289 Ngoku, ungabasekuthabathekeni ziimvakalelo, ngokuthetha ngeelwimi, ukhwaza, uzixhuzule, udlikidle, ubaleka ukunyuka nokwehla phakathi kwezitulo. Akukho kuchasana noko. Kodwa ungazenza ukholelwe ukuba usindisiwe ngelixa ungasindiswanga, akusindiswanga. Ubomi bakho buyakungqina oko ukuko. UYesu wathi iyakubanjalo, “Ngeziqhamo zabo niyakubazi.” Ubomi bakho buyakuqondakalisa okokuba usindisiwe okanye hayi, ukuba akuzange wavula umlomo wakho. Buyakubonakalisa into oyiyo.

290 Kodwa konke oku kuthabatheka kunye nemvakalelo nokujoyina icawa, “Kwaye ndibe ndibhaptizelwe eGameni likaYesu, haleluya, ndiyayazi ndinaWo,” oko akuthethi kwanto.

291 “Ndibe ndibhaptizelwe, egameni loYise, Nyana, Moya oyiNgewele, ubuso bujoliswe ngaphambili, amatyeli amathathu. Ndiwufumene Wona.” Oko akuthethi kwanto.

292 UPawulos wathi, “Masiye kwingqibelelo ngoku.” Sithetha malunga nengqibelelo. Kwaye ukuba siyakuhamba noku, niyakufumanisa, abagqityelelisiweyo ngaBanyulwa. Ndiyakuyiqondakalisa kuni, kwimizuzu embalwa, ngeBhayibhile. NgaBanyuliweyo abo uThixo, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, wabona ngamnye kubo. Kwaye Wathumela uYesu ukuza kuhlangula abo bantu, hayi ihlabathi lonke. Wayefuna njalo, kodwa kwafuneka Yena enze indlela ukwenzela abo. Kwaye indlela ekuphela kwayo Awayenokuyenza, yayikukuthumela uKristu; ukuze Yena abe nokuza, isingxengezelo sezono zethu, okokuba abo babonyuliwe, Yena abe nokubazisa kuYe, eLuzukweni.

293 Ungafane ucinge uThixo ephathe i-ofisi yakhe ndyengelele, njengokuthi, “Kulungile, mhlawumbi umntu othile uyakucinga kalusizi kakhulu malunga naM, mhlawumbi bayakuza ukuze basindiswe”? UThixo akudingeki akucenge ukuba wenze kwanto. Nakuphi ukucenga, kudingeka wena wenze ukucenga, hayi uThixo.

294 Kwaye emva koko, uKristu wafa ukuze asindise abo uThixo, ngolwazi lwangaphambili, bonyulelwa ukuhlangana naYe ngaphesheya bengenachaphaza okanye mibimbi. Ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, Yena wakubona eLuzukweni. Oko koko iBhayibhile yakutshoyo, kwabase Efese, isahluko so-1.

isahluko se-5, ivesi yo-1. UThixo wamisela ngexa elingaphambili ngolwazi olungaphambili.

²⁹⁵ Ngoku, ukuba uThixo wakwenza oko, wasanyula phambi kokusekwa kwehlabathi, kwaye wasazi sonke ngabanye ngegama, phambi kokusekwa kwehlabathi, kwaye wasaNyulela kuBomi obunguNaphakade, waze wathumela uYesu Kristu ukuza kusihlangula, okokuba, amawaka amathandathu eminyaka eyagqithayo, Wasibona, ukuze sibe nokubonakala kwiindumiso Zakhe eLuzukweni, Ungaze ulahleke njani?

²⁹⁶ Ngoku, ukuba usindisiwe, usindisiwe. Ukuba uThixo uyakusindisa ngobu busuku, Esazi ukuba uzakuphulukana nawe kwishumi leminyaka ukusuka namhlanje, Woyisa injongo eyiyeYakhe Yena; ongenasiphelo, uSomandla, onguNaphakade, ubulumko banini na nini, uThixo, akayazi ngokwaneleyo ngoko ukuba ayazi okokuba uyakubambelela okanye akusayi kubambelela. Ngoko, xana Yena ekusindisa, aze athi, “Kuhle, ndiyakumnika uvavanyo, ndize ndibone into ayakuyenza,” ngoko Yena akasazi isiphelo kwisiqalo. UThixo uyayazi into Ayenzayo, ungaze ubenaxhala malunga noko. Nguwe nam abakhubekayo. UThixo uyayazi into Ayenzayo. Kwaye Yena wayazi thina. . . nokuba siyakubambelela, okanye siyakwenza ntoni.

²⁹⁷ Ngoku, iBhayibhile yatsho ukuba, u-Esawu noYakobi, ngaphambi kokuba nawuphi umntwana azalwe, uThixo wathi, “Ndiyamthanda omnye, kwaye ndimthiyile omnye,” ngaphambi kokuba bakhe baphefumla ukuphefumla kwabo kokuqala, okokuba ulwanyulo lwakhe lube nokuma ngokunyanisekileyo.

²⁹⁸ Yayingubani u-Abraham (Sizakufika kuye kwimizuzu embalwa, ezantsi apha.) yayingubani, okokuba uThixo ambize, amsindisa ngaphandle kwayo nayiphi into? UThixo wenza umnqophiso nomntu, umntu uyawophula umnqophiso wakhe. Kodwa uThixo wenza loMnqophiso nesiQu Sakhe, waze wafuna kuwo, kwisiQu Sakhe, umntu akananto yakwenza nawo. Lulwazi lwangaphambili lukaThixo, Wayenza, kakade.

²⁹⁹ Ngoku, uthi, “Ke, Mzalwana uBranham, ngoko ukuba ndiba ngumKristu, ndingenza nje nantoni na endiyifunayo?” Ngokuqinisekileyo. Ukuba ungumKrsitu, yenza nantoni na oyifunayo. Kwaye ndiyakuqinisekisa, akusayi kuba nawuphi umnqweno wokwenza okungalunganga. Wenza nantoni. Ndabe soloko ndisenza nje oko ndandifuna ukukwenza. Kwaye ukuba ndikhonza iNkosi kuba ndisoyika ndizakuya esihogweni, andimkhonzi Yena ngokulungileyo. Ukuba ndiphila nyanisekileyo emfazini wam ngokuba ndiyoyika uzakundilahla ngoqhawulo mtshato, andingomyeni ulungileyo ngenene. Kodwa andiyi kumvisa buhlungu ukwenzela nantoni, kuba ndiyamthanda.

³⁰⁰ Leyo yindlela eyiyi noKristu, xana umntu ezalwe ngoMoya kaThixo. Hayi kuba wakhwaza, wathetha ngeelwimi, okanye imvakalelo ethile; kodwa entliziyweni yakhe, uthando luyangena kwaye lathabatha indawo yehlabathi. Ndiyakuxelela, yena uyamthanda Yena. Yena uhamba ecaleni Kwakhe, yonke imihla. Akudingeki ukuba umxelele, “Akulunganga ukwenza *oku*, okanye *okuya*, okanye *okunye*.” Yena uyayazi ayilunganga. Kwaye, yena uyahamba, uyimveliso eyabekelwayo yobunganga bobabalo lukaThixo. Ngokuqinisekileyo.

*Kuba akunakwenzeka kwabo abakhe
bakhanyiselwa, . . . benziwa amadlelane alo u . . . ubizo
lwasezulwini . . .*

Ngoku, thina ngamanye amaxesha sakholelwa ukuba lowa yayingumntu owakhe wakhanyiselwa kwaye wawa kwakhona, kodwa iBhayibhile ayiyifundi yona ngala ndlela. “Akukwazeki ngokuqinisekileyo ukuba umntu,” uthi apha, “othe wamnkela uMoya oyiNgcwele ukuba akhe awe.” Ngoku yifunde uze ufumanise ukuba oko akulunganga. Qaphela apha, thabatha isiqendwana, isiqendwana sonke, kunye nokuqulathiweyo, umxholo, gxebe.

³⁰¹ Ngoku uyaqalisa ukuthetha malunga, iyintoni? “Masiye kwingqibelelo.” Ngoku, wathi, “Hayi okwenyama, ukubeka isiseko apha seemfundiso nobhaptizo nohlaziyo, nanjalo njalo. Masingakwenzi oko. Masiye kwingqibelelo.” Umxholo *yingqibelelo*, kwaye ingqibelelo iza ngoKristu. Kwaye sifika njani kuKristu? Ngokujoyina icawa? “NgoMoya omnye sibhaptizelwa Mzimbeni mnye.” Hayi ngo: okunye, ukufakwa ngentetho lwimi; okunye, ukufakwa ngokuxhawula isandla; okunye, ukufakwa ngobhaptizo lwamanzi. “Kodwa ngoMoya omnye sabhaptizelwa Mzimbeni mnye.” Niyayifumana? Leyo yingqibelelo.

³⁰² Kwaye xana ungena koKuya, ukuKristu, kwaye ihlabathi lifile kuwe. Kwaye uhamba neMvana mihla yonke, kwaye amanyathelo akho abekelwa nguThixo, omawukwenze. Owu, izilingo neemvanvanyo esingena kuzo! Uthi, “Ingaba uneemvamvanyo?” Ewe, mhlekazi. Yintoni . . .

³⁰³ Ubabalo yilonto uThixo awathi wandenzela lona, imisebenzi yilonto endiyenzela uThixo. Ngoku, bayakwenza imfundiso kulonto, bacinga ukuba imisebenzi yilonto ikufumanela iimfaneleko. Ukuba yiyo, ayisosipho singesisa. Ubabalo yilonto uThixo awathi wakwenzela lona, “Sisindiswe ngobabalo.” Yonke imisebenzi yilonto oyenzayo ekubuleleni ubabalo Yena awathi walubonisa kuwe. Kwaye ukuba uyamthanda Yena, uyathanda ukwenza imisebenzi yeNkosi. Ngokuqinisekileyo, ngokuba, ngoko, u—uyamthanda Yena.

³⁰⁴ Ukwamnkela uMeda Broy, njengomfazi wam, yayikoko uthando lamenzela kona. Oko akwenzayo, ekubuleleni:

ungumfazi olungileyo, uhlala ekhaya, agcine abantwana, kwaye aphile ubomi obulungileyo obunyanisekileyo. Oko asikokuba asitshatanga; sitshatile. Kodwa ukwenza oko ekubuleleni. Ukuba uya edolophini, mihla yonke, aze athathe kuyo yonke ivenkile yeshumi leesenti, aze ahle enyuke ngezitrato, kwaye angaze ahlambe izitya, okanye nantoni engenye, sisatshatile. Ngokuqinisekileyo. Xana ndathabatha isifungo sam, oko kuyayigqiba. Ungumfazi wam. Oko nje kukho ubomi kuthi, ungumfazi wam. Eso sisifungo sakhe. Kodwa oko koko umbulelo ukwenzayo kokuya: uhlala ekhaya, aze agcine abantwana, kwaye azame ukuba ngumfazi ongowenene.

³⁰⁵ Ndingaphuma ndibaleke ndize ndimke lonke ixesha, nje ukuyabula elizweni, ndize ndimyeke alambe, okanye nantoni na, ndiyeke abantwana bengenanto yokutya; sisatshatile. Ukuba angade andilahle ngoqhawulo mtshato, ndisatshatile, oko nje kusekho ubomi emzibeni wam. Ndathabatha esa sifungo, “De sahlulwe kukufa.” Injalo lonto. Sisatshatile. Kodwa, noko, ndenza umzekelo olambathayo womnyeni. Uyakwenza umzekelo olambathayo wenkosikazi. Ke ukuba siyathandana, siyanamathelana size sitsale umthwalo, kunye.

³⁰⁶ Leyo yindlela uThixo kunye neBandla Lakhe bayiyo. Xana uzalwa ebuKumkanini bukaThixo, uyakuba nawakho *amahla ndenyuka*, yinyaniso, kodwa usengumKristu, usazelwe nguMoya kaThixo. UThixo kungafuneka akususe emhlabeni ngaphambi kwexesha.

. . . akukwazeki kwabo abakhe bakhanyiselwa, kwaye bangcamla . . . isipho zasezulwini, . . .

. . . ukuba banokuze bawe, ukuba bazihlaziyele kwakhona kuyo inguquko; . . .

³⁰⁷ Ngoku, ndiyayazi apho nicinga malunga nako, ibandla. Mandinithabathele enye ebuqinarha, ukuze i—icala elingqongqo ngomthetho lingathi livalwe. Masiye ngaphaya kumaHebhere, isahluko se-10, size sijonge koku nje umzuzwana.

³⁰⁸ Isahluko se-10, umqolo wa-26.

Kuba xa sithi sone ngabomi emveni . . . kokuba sathi samkwakela ukuyazi inyaniso, akusasele dini ngenxa yesono,

Kodwa sekusele ke ukulinda okoyikekayo kakhulu . . . umgwebo nomsindo womlilo, oza kudla abo bachasileyo.

Lowo ebegiba okaMoses umthetho ubebulawa kungekho tarhu ngezwi lamangqina amabini nokuba mathathu:

Kobekelaphi na ke kukubethwa okubi ngakumbi, ekubeni ekufanelwe . . . ekubeni ekufanelwe, . . . unyathelela phantsi . . . lo umnyathelela phantsi

konyawo uNyana kaThixo, kwaye elibalela ekuthini liyinqambi igazi lomnqophiso athe wangcwaliswa ngalo, kwaye . . . wagxeka yona imisebenzi yobabalo?

309 Ngoku nithi, “Malunga naphi nokuya Mzalwana uBranham? Ikhangeleka njani leya?”

Ngoku, nje ukufunda, ndiyacinga, “ISibhalo asikutsho *okuya*.” Okuya akuthethi malunga nomKristu. Okuya kuthetha malunga nomntu othe waliva iLizwi waza wemka kuLo. Yabona?

Kuba xa sithi sone . . . (Yintoni isono? Ukungakholwa.) . . . ukuba asikholwa ngamabomi emveni kokuba ivangeli ithe yashunyayelwa kuthi, akukho dini limbi ukwenzela isono,

310 Yintoni isono? Ukungakholwa. Funda uYohane oNgcwele, isahluko se-4. UYesu wathi, “Lowo ungakholwayo sele egwetyiwe.” Isono asikokutshaya, kusela, kukrexeza. Wenza oko ngokuba ungongakholwayo. Ezo nje zizibonakaliso. Wenza oko ngokuba ungongakholwayo. Nje ukuyeka ukutshaya, ukuyeka ukusela, kunye nanjalo njalo ngolwahlobo, oko akuthethi ukuba ungu—ungumKristu. Oko nje zizibonakaliso zenguquko yakho. Kodwa, unge—ungenza nangaliphi icala, uze futhi ungabiyiyo.

311 Ngoku qaphela.

. . . lowo ungakholwayo *ngabomi emveni* a . . .

312 Hayi—hayi, “Emveni kokuba emnkele uKristu entliziyweni yakhe.” IBhayibhile ayikutsho oko. Ithe, “Lowo uthe . . .”

. . . *ukuba sithi sone ngabomi*, singakholwa ngabomi, *emveni . . . sithe samnkela ukuyazi inyaniso*, . . .

Niyayifumana? Ibingathethi kumKristu, konke konke.

313 Omnye umfazi waza kum, kungekudala, waze wathi, “Mzalwana uBranham, ndingumKristu, kodwa ndenyelise uMoya oyiNgcwele.”

314 Ndathi, “Akukwazeki.” UmKristu akanakwenyelisa uMoya oyiNgcwele. Akunakuyenza lonto. Umoya womKristu unobungqina noMoya kaKristu. yabona? Kwaye uyakubiza, yonke into kaThixo, “ekaThixo.”

315 Kodwa ukuba usenyameni, uyakuhlekisa uze uhleke uMoya oyiNgcwele; Andikhathali uya kangakanani ecaweni, usengumoni, kwaye wanyelisa uMoya oyiNgcwele. Xana babona uYesu ecalula iingcinga zabo, bathi ungu “mvumisi.”

316 UYesu wathi, “Ni . . . Ndiyakunioxolela ngako oko, kodwa xana uMoya oyiNgcwele ufika, uthetha igama nokuchasena naWo, akusokuze uxoleleke.”

Ngokuba, bathi, “Unomoya ongcolileyo,” ukubiza uMoya kaThixo, “into engcolileyo.”

UmKristu akanukwenza oko. UmKristu uya kusoloko ebiza uMoya kaThixo, “Ubulungisa.” Yabona? UmKristu akanakwenyelisa uMoya oyiNgcwele. Ngongaphandle owanyelisayo.

³¹⁷ YayingengomaKristu awayeme phaya. Yayingabantu abanenkolo, yayingamaYuda omthetho, oogqirha bobungcwele, kunye nanjalo njalo, kwaye babesenza intlekisa ngaYe nangemisebenzi Yakhe, bebiza imisebenzi kaThixo, okokuba, “Yayingumoya ongcilileyo uyenza lonto.”

³¹⁸ Kwaye bangaphi ocinga namhlanje banyelisa uMoya oyiNgcwele, abane D.D.D., Ph.D. egameni labo? Bangaphi abakhulu, abalukhuni Bomthetho, amaKatolika, amaProtestanti, abahamba estratweni baze benze intlekisa ngokusebenza kukaMoya oyiNgcwele, nje ezihonjisiweyo izifundiswa, kwaye bemtyibilizi okweqhosha? Injalo. Kodwa benza intlekisa ngoMoya oyiNgcwele, kwaye ngoko ke bahlekisa ngaYe.

Kodwa ozelwe ngokutsha umKristu akanakuyenza lonto. Uyakuthi, “Lowa ngumzalwana wam. Lowa nguMoya woThixo ophilayo.” Injalo onto. UmKristu akanakwenyelisa uMoya oyiNgcwele.

³¹⁹ Ngumoni owenyelisa uMoya oyiNgcwele; ongakholwayo, *umoni*, o “ngakholwayo.” Zimbini kuphela izinto: ulikholwa, okanye ungongakholwayo.

³²⁰ Ngoku, qaphela apha, ukwenza oku kuhlange ngenene ngoku. Ndibe nombono obe usoloko undikhathaza. Kwiminyaka egqithileyo ndandiqhele ukujonga kokuya. Ndathi, “Owu, ukuba umntu wakhe wamnkela uMoya oyiNgcwele ngoko, aze emva koko akreqe, uyakulahleka naphakade.” Ndandingenakho ukufumana oku kungokunye ukwenza kuvakale kokuya.

³²¹ Ndathi, “Ngoko kutheni ukuba iBhayibhile yatsho, ukuthi, ‘Lowo uwevayo aMazwi aM aze akholelwe kuLowo waNdithumayo unoBomi obunguNaphakade, Naphakade, kwaye akasayi kuza emgwebeni, kodwa ugqithile ekufeni wangena eBomini. Konke athe uBawo waNdinika bona bayakuza kuM, kwaye akukho namnye kubo ulahlekileyo, Ndiyakubavusa ngemihla yokugqibela. Akukho mntu uyakubanyothula esandleni saM?’ Ingaba okuya kwahlukana njani kunye noku? Andikwazi nje ukuyiqonda lonto. ‘Akukwazeki ukuba abo abakhe bakhanyiselwa.’” Ndacinga, “Kukho into engalunganga. Andikwazi nje ukuyifumana.”

Ndaze ndaya kumhlangano omncinci wobuPentekoste, iminyaka eyagqithayo.

³²² Akukho namnye oseleyo ebandleni, ndiyaqikelela, ngobu busuku, okhumbulayo. Iminyaka eyagqithayo, oku kwa kumalunga nje nexesha umnquba wawusakhiwa. Phandleni, iyakuba nguMzalwana uGraham emva phaya, okanye umntu

othile. Andazi, ubulapha kuqala, okanye hayi, bazalwana. UMzalwana uMahoney, ndiyacinga, wayekho. Ehe. Nje phambi kokuba nditshate.

³²³ Esa sipho sisebenza, ndandisoyika. Bandixelela ukuba sasisesikamtyholi. Ndandingayazi de iNgelosi yeNkosi yandixelela.

³²⁴ Ndaya eMishawaka, ndaza ndahlala kulamhlangano, kwaye andizange ndeva okungako ukukhwaza nokukhala nokudumisa uThixo. Ndacinga, “Mzalwana, eli liZulu.” Kwaye, owu, indlela abebeyakunyuka-besehla.

³²⁵ Kwakufuneka babenayo eNtla, ngenxa yobandlululo. Abantsundu nabamhlophe babehlangene. I-P.A. ye W. kunye ne P.A. ye J.C. babemanyene ngenene baze baba yi-United Pentecostal. Kodwa enjani imvuselelo ababenayo, phaya kumnquba kaMzalwana uRowe eMishawaka. Kwaye mna, ondwebileyo omncinci umfo, ndihleli kwisitulo esingasemva, ndandibukele konke oku. Andizange ndazibona ezi zinto ngaphambili.

³²⁶ Kwakukho indoda ihleli apha... Andizange ndakuxela oku esidlangalaleni ngaphambili. Kwakukho indoda ihleli kwelinye icala, kunye nendoda ihleli kwelinye, kwaye enye yayithetha ngeelwimi, ize enye izitolike. Kwaye ayeyakuxela izinto ezahlukeneyo zizakwenzeka. Emva koko, *lena* ithetha ngeelwimi, ize *leya* itolike. Ndacinga, “Bethu, akumangalisi okuya!” Ndacinga, “Injani ukubaluzuko! Wona afanele abe ziiNgelosi, zehlile kwimo yabantu.”

³²⁷ Kuhle, ndandinedola namashumi asixhenxe anesihlanu eesenti kuphela, yokuba ndigoduke, kwaye ndandinokufumana itanki lamafutha emoto. Ndalala emasimini ombona ngoba busuku. Ndinayo inxalenye yayo encwadini, kodwa hayi yonke yayo, kuba bendingafuni kuvisa kabuhlungu imvakalelo yabo. Kwaye ke, ngoba busuku, bathi, “Bonke abashumayeli mabeze eqongeni.” Ndandiseqongeni. Ndandingoyena mncinci umshumayeli phaya ngoko.

³²⁸ Ke, ngentsasa elandelayo, bandicela ukuba ndize ndishumaye. Ndazimela. Niyazi, indoda entsundu yathi, “Nanku apha.” Niyalikhumbula ibali layo, xana yandivezayo ndihleli phaya.

³²⁹ Kwaye ke emveni kokushumayela ngala mini, ndizulazula, ndacinga “Ukuba nje ndingafika kula madoda mabini.” Ayewukhokela umhlangano. Omnye ebesaya kuphakama aze ajike abe mhlophe ebusweni; ebeya kuthetha ngolwimi. Aze omnye alitolike, aze anikeze amazwi, “ITSHO INKOSI, ‘Kukho *othile-thile* umntu apha, ogama lingu *thile-thile*, ofanele enze *oku* kunye *nethile-thile*.’” Mzalwana, yayiyinyaniso. Kwaye omnye ebesaya kuphakama aze athethe ngeelwimi, kwaye ebeya kutolika.

330 Ndacinga, “Owu, bethu, akumangalisi na oku!” Ke, ngala mini, ndacinga, ndaphuma ndathandaza. Ndacinga, “Nkosi, Ndenzele okuya kwakhona.” Ndandingayazi mandiyibize ntoni, imibono.

331 Ndaphuma ndathandaza, ndaza ndacela iNkosi ukuba indincede. Ndajikela ngaphaya kwesakhiwo, kwaye kwenzeka ndidibane nomye wabo. Ngoku, iNkosi indinika indlela yokwazi izinto. Ndaxhawula isandla sayo. Ndathi, “Unjani?”

Yathi, “Unjani? Ungubani igama lakho?”

Ndathi, “Branham.”

“Owu,” yathi, “ungula mfo mncinci oshumayele ngale ntsasa.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

332 Ngelixa ndinencoko nayo, ndabambisa umoya wayo. Kwaye yayingumKristu wokwenene, nje onyulu umKristu, womzalwana. Ndithetha, yayilikhulwa. Ndacinga, “Owu, akumangalisi na oku!”

333 Kwaye malunga neyure ukusuka ngoko, phandle phaya ngasemotweni, eyayijonge kwenkulu imoto, ibhalwe emva kuyo “Yesu Yedwa”, kwaye imile phaya kumi enye indoda. Ndaphuma ndaya ndaza ndathi, “Unjani, mhlekazi?”

334 Yathi, “Unjani?” Yathi, “UnguMzalwana uBranham, othe wathetha ngale ntsasa.”

335 Ndathi, “Ewe, mhlekazi. Ndinguye.” Ndathi, “Yithi, ndiyazonwabela zona ezazipho zinkulu zikaThixo ezisebenza kuni bazalwana babini.”

336 Wathi, “Enkosi, Mnu. Branham.” Ndaza ndaqalisa ukuva umoya wakhe. Umbono weza. Kwaye ukuba ndakhe ndathetha nomhanahanisi, nankuya wayekho omnye wabo. Umfazi wakhe wayengumfazi ontloko imnyama. Wayehlala kunye nomfazi ontloko igwangqa, enabantwana ababini kuye. Wayengasenguye umKristu kunayo nanto ehlabathini.

337 Ndaza ndathi, “Yintoni endingene kuyo? Bendicinga bendikwiiNgelosi, kwaye ngoku kufanele ndikwiidemoni. Into ethile yenzekile. Nanku omnye, owenene umKristu; kwaye uMoya okwamnye usiwa kule ndoda, wawusiwa kule ndoda.” Ndathi, “Ngoku ndibhidekile ndonke.” Bendingayazi into emandiyenze. ndakhala ndaza ndacenga, kwiNkosi. Bendingayazi nto emandiyamnkele.

338 Babemalunga nokundenza ndi...Bandibuza ukuba ndawamnkela uMoya oyiNgeweke, lo mfo wayenza, Ndaza ndathi, “Hayi, mhlekazi, hayi ngendlela eniWufumene ngayo.”

Yathi, “Wakhe wathetha ngeelwimi?”

Ndathi, “Hayi, mhlekazi.”

Yathi, “Ngoko akunawo Wona.”

339 Ke ndathi, “Ungabe mhlawumbi uchanile, mzalwana wam. Mhlawumbi andinawo, kuba andinako oko unako.” Kwaza emva kwethuba, ndandivuya ndandingenayo.

340 Ke ngoko ndabukela okuya, ndaza ndabona indlela eyayihamba ngayo.

341 Ke, ngenye imini, ndandiphandle apha ndithandaza, kudala. Ndiyakunixelesa kutheni, ndandithandazela bani, yayinguRoy Davis. Kwaye ndandiphandle apha ndithandaza, ngokuba wayendibize “unopopi,” kwaye ndandithandaza kuThixo ukuba amxolele ngalonto. Kwaye wayenendawo yokushicilela iphepha emva phaya, wabhala iphepha. Kwaye landawo yokushicilela iphepha yavutha yaza yatsha, kwiqela lobusuku emva kokuya, ngelixesha babeyisebenzisa.

342 Kwaye ke ndandimile emva phaya kumqolomba omdala emva kwe Green’s Mill. ndaphuma phaya. Kwaye ndandithandaza, ndibuyele phaya, imini ezimbini. Ndabeka iBhayibhile yam kwisiqobo esidala, apho, ndabonisa uMzalwana uWood, kungekudala kakhulu, ndabeka iBhayibhile yam phantsi. Ndangxabalazisa isiqobo. Kwaye umoya ubhudla. Ndacinga, “Kube kukudala, emva kulamqolomba, bendiya kufunda kancinci.” Ke ndathabatha iBhayibhile ndaza ndaqalisa ukufunda, kwaye esi sisahluko eyayikuso. Ke, ndaqalisa ukufunda, ndaza ndaqalisa ukumangala ngoko. Yabona?

*Kuba akunakwenzeka kwabo bakhe
bakhanyiselwa, . . . benziwa amadlelana noMoya
oyiNgcwele,*

*. . . bangamla ilizwi elilungileyo likaThixo, kunye . . .
nehlabathi eliyakuza,*

*Ukuba bathe bakreqa, ukuba bazihlaziyele . . .
kwinguquko; ekubeni bathe bambethelela uNyana
kaThixo kwakhona, kwaye bamhlazisa ekuhleni.*

343 Ndacinga, “Nasiya esaSibhalo.” Kodwa into ethile yahlala nam. Emva koko ndaqalisa ukucinga, “Naku apho wathetha emva apha, ekuqalekeni, ‘Hayi ukubeka isiseko esifileyo senguquko, ekuqalekeni. Hayi ukubeka isiseko senguquko,’ kwaye apha wathi, ‘Ukuzihlaziyele emva enguqukweni. Kodwa masiye kwingqibelelo, sibeka ezi zinto ngasemva.’” Emva koko ndaqalisa ukufunda. Emva koko ndafunda umqolo olandelayo.

*Kuba umhlaba lo uyiselayo imvula eza futhi phezu
kwawo, uvelisa imifuno elungele bona abo ulinywa
nokulinywa ngenxa yabo, wamkela intsikelelo kuThixo:*

*Kodwa othi uvelise imithana enameva neenkunzane
uyaliwa, kwaye ukufuphi nengqalekiso; esiphelo sisa
ekutshisweni.*

344 Kwaye xana ndafunda okuya, Into ethile yandishukumisa nje. Ndaza ndacinga, “Nkosi, oko akubhekiselele kuRoy Davis. Kutheni Wena uyakukwenza okuya?”

345 Ndaqalisa, ndatyhila elinye iphepha. Kwafuneka ndibuyele emva kuYo, kwakhona, “Akukwazeki kwabo abakhe bakhanyiselwa,” ndayifunda Yona kwakhona.

346 Emva koko ndacinga, “Nkosi, yintoni lena? Yintoni Wena oyithethayo, Nkosi?”

347 Ndaza ndajika ndabuyela emva emqolombeni wam, ukuya kuthandaza ngaYo. Kwaye xana ndakwenza, ndabona ihlabathi liphethuka. Kwaye lonke laligeleshiwe, kakuhle kakhulu, ihlabathi lonke. Ndaza ndabona indoda kwezimhlophe, ijikela, yayinengxowa enkulu esandleni sayo. Yayihlwayela iimbewu njengoko yayijikela. Yajikela igophe lomhlaba. Kwaye kwamsinya yajikelayo, naku kusisa umfo onxibe ezimnyama kakhulu iimpahla, onobuqhophololo ukujongeka umfo, enyebelezela *ngolu* hlobo, ukujongeka. Kwaye wayenembewu. Kwaye wayelahla into ethile ngasemva kwayo, njengoko wayejikeleza umhlaba; ejonge wonke umntu kwaye elahla. Ndema ndaza ndabukela umbono.

348 Emveni kokuba emkile, ihlabathi laphethuka, kwaza kwabakho esikhulu, esininzi isivuno, kwaye yayiyinqolowa. Kwaye kwakukho ukhula, ikhakakhaka nezinto engqoloweni.

349 Nako kufika imbalela. Kwaye, owu, indlela la ngqolowa incinci yathokombisa intlokwana yayo encinci ngaphaya, kwaye yayinxanelwe amanzi. Ikhakakhaka elincinci lalinentloko yalo ithokombile, kwaye lalinxanelwe amanzi. Wonke umntu ethandazela imvula. Kwaze emva kwethuba, kweza ilifu elikhulu laza nje lamanzisa umhlaba wonke. Laza ikhakakhaka elincinci laxhuma, laqalisa ukukhwaza, “Uzuko kuThixo! Haleluya! Mayibongwe iNkosi!”

350 Yaza ingqolowa encinci, yaxhuma, yaqalisa ukukhwaza, “Uzuko kuThixo! Mayibongwe iNkosi!”

351 Kwaze emva koko iSibhalo seza kum, esifumaneka kwiNcwadi kaMateyu, isahluko se-5 kunye nomqolo wama-45. Kwaye phulaphula koko uYesu wakutshoyo, kuMateyu isi-5:45. Kwaye phulaphulisisa ngoku njengoko sifunda. UMateyu, isahluko se-5 kunye nomqolo wama-45, wama-46 umqolo; wama-44, ukuqala.

Ke mna ndithi kuni, Zithandeni iintshaba zenu, basikeleleni abo banigalekisayo, kwaye nibenzele okulungileyo abo banithiyayo, kwaye nibathandazele abo banigxekayo, nabanitshutshisayo;

Ukuze nibe...bizwe...nibe ngabantwana boYihlo osezulwini: ngokuba ilanga lakhe elenza liphume phezu kwa...bakhohlakeleyo nakwa...balungileyo,

*athumele imvula phezu kwabalungileyo na...
kwabangalungisiyo.*

352 Ke, niyabona, imvula ekwanye eyenza ingqolowa ikhule, yenza ikhakakhaka likhule. Kwaye, ngoko ke, ndawufumana umfanekiso. Nankuya osenyameni umvumi, ophaya kanye ebandleni. Kodwa iziqhamo zakhe... Angakhwaza, axhume, adaninse, athethe ngeelwimi; kodwa iziqhamo zakhe: ulikhakakhaka. Kwaye nankuya omnye, onoMoya okwamnye. UMoya oyiNgcwele ungawela kanye kwigquba labantu, aze umhanahanisi abe nokukhwaza, ngoMoya oyiNgcwele, nje into enye njengekhakakhaka linokuphila ngemvula ethunyelweyo. Oko koko uPawulos athetha ngako apha. Kodwa akukwazeki ukuba ikhakakhaka libe yingqolowa, okanye ingqolowa ibe likhakakhaka. Niyayifumana? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

*Kuba akunakwenzeka kwabo bakhe bakhanyiselwa,
kwaye baba...ngamadlelana ngesipho sikaMoya
oyiNgcwele,*

*Kwaye...bayiva incasa yelizwi elihle likaThixo,
kwanamandla elizwe eliza kubakho,*

...bakreqa, babuye bazihlaziyele kwakhona...

Phulaphulani oko awakutshoyo.

*...kuba imvula...eza futhi phezu kwawo umhlaba,
ukuwunkenkeshela nokuwulungisa apha, ize
iwulungise;*

*Kodwa...ongameva neenkunzane ukufuphi
nengqalekiso;...*

*Ngoku, ngoko ke masithi siyeka izilawuli
neemfundiso ngoKristu, masiye...kwingqibelelo; hayi
ukubeka kwakhona isiseko senguquko nemisebenzi
efileyo...kuThixo, nokholo, nanjalo njalo,*

*...neemfundiso zeembhaptizo,...ukubekelwa
kwenzandla, nezinto;...*

353 Yabona, ikholwa lenyama, emva ngaloo mihla, njengoko kunjalo namhlanje, lithanda ukuthi, "Kuhle, ndingowecawa. Ndiguqukile. Ndi—ndinyukile, ndalwenza uvumo. Ndabhaptizwa." Yabona, balele kwezo ziseko zenyama. Kwaye zenza ntoni? Zivelisa amakhakakhaka.

354 Yintoni eyenzayo ingqibelelo? Yingqolowa. Ingqolowa liLizwi likaThixo. Yena ulisebenzisa njengeLizwi Lakhe. YiMbewu Yakhe. Iyavelisa.

355 Ixhomekeke ekubeni yeyiphi imbewu etyalwe entliziyweni yakho. Ukuba uza ecaweni nje kuba usoyika isihogo, ukuba ujoyina icawa kuba ungafuni—ungafuni kuya esihogweni, uselikhakakhaka. Ukuba u—ukuba ujoyina icawa nje ukuba udume, uselikhakakhaka. Ukuba wenza zonke ezi zinto

zingokwasesikweni ezifanele ukwenziwa, kwaye oko kuko konke onako, uselikhakakhaka.

356 Kodwa owenene, owoqobo umKristu utyhudisela engqibelelweni lide ihlabathi life uze ube sisidalwa esitsha kuKristu Yesu. Ngoko, akukwazeki ukuba lamntu angaze akreqe. Into ekutshiloyo iBhayibhile! Yabona indlela ethelekisana ngayo naso sonke iSibhalo? Yabona indlela Yona eyibeka ngayo kanye phaya endaweni yayo?

357 Ingatsho njani apha, “Umntu owakhe wasindiswa akanakuze alahleke” kwaye ize apha ize ithi, “Kodwa, ukuba ulahlekile, okanye wanyelisile, akukwazeki?” Ngokuqinisekileyo, ukuba ungumanyelisi, akungokumKristu.

358 “Akukho mntu, uthetha ngoMoya kaThixo, abize uYesu ngoqalekisiweyo.” UYohane oNgcwele i-4...okanye uYohane Wokuqala i-4. Akukho mntu othetha ngoMoya kaKristu, obiza uYesu “ngoqalekisiweyo.” Wonke umoya, kaThixo, oseBandleni lobuKristu, uvumelana nayo yonke into awayitshoyo uThixo.

359 Siyafunda apha, size sithi, “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu. Ngemivumba Yakhe saphiliswa.”

360 Endala ingqondo yenyama ithi, “Imihla yemimangaliso igqithile. Ndingu *Gqr. Jones*.” Yabona? “Akukho nto injalo njengempiliso eNgcwele. Akukho nto injalo njengenkolo evakala entliziyweni. Niligquba nje eliziphehlulezisayo. Ninemvakalelo. Yabona, kuko konke okukuko. Akukho nto kuyo. SingamaRhabe. SingamaLutere,” okanye nantoni eyiyo. “Siyayazi apho simi khona.”

361 Kodwa yintoni oyithethayo uMoya kaThixo? UYesu Kristu, okwamnye apha! “Amen,” utsho uMoya kaThixo. Uyavumelana msinya neLizwi. Ewe, mhlekazi. Ilapho kanye. Yabona into endiyithethayo ngoku?

362 “Oku kuzihlaziya kwasenyameni kusebenza ukufa,” utsho uPawulos.

363 Kodwa apho uBomi buza khona, le ngqibelelo, “Lowo uwevayo aMazwi aM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade, kwaye akasayi kuya emgwebeni, kodwa udlule ekufeni wangena eBomini. Ndiyakumnika uBomi obungunaphakade, ndimvuse kwimihla yokugqibela. Bonke athe uBawo waNdinika bona bayakuza kuM, kwaye akukho namnye kubo ulahlekileyo.” Ayinakwenzeka.

364 Ke, naku ekwenzayo—ekwenzayo. Abantu bacinga ukuba oko kwenza abantu bayekelele. Mzalwana, akumkhonzi uThixo phantsi kokujala kwerhamba. uThixo akanguye omnye wabo bafo banesabhokhwe senyok'emnyama, ekuqhuba ekujikelezisa. UnguBawo. ULuthando. UThixo luThando. Kwaye iBhayibhile itshilo, kuYohane oNgcwele, “Lowo unothando ungokaThixo.”

³⁶⁵ Uyamthanda uThixo. Bendingayi kuba njalo, ukuba bendiphumile kwaye—kwaye ndaya kunxila ngobu busuku. Andizange ndasela, ebomini bam. Kodwa ukuba bendiye ndaphuma ndaza ndanxila, bendingayi koyika ukufumana ukubethwa. Eso ayisosizathu ndingayi—ngayi, ndingayi kuyenza. Isizathu sokuba ndingayenzi, kungokuba ndiyamthanda Yena. Uyandithanda. Ayiyomisebenzi yomthetho. Asiyonto endifanele ndiyenze. Kungokuba sele Yena wandenzela into ethile, kwaye ndiyaMthanda ngalonto. Nantso ke.

³⁶⁶ Ke, ngawo la Moya khona phaya, othenjisiweyo, “Ndimnika uBomi obunguNaphakade, kwaye abasayi kutshabalala.” Ingaba waxoka okanye ingaba waxela iNyaniso? Waxela iNyaniso. Ke, uyayibona indlela Oku okutolikeka ngayo? Ukungakwazeki kukuba umntu akreqe emveni kokuba wakhe wakubabalo. Akasokuze. Angakreqa, ngokuqinisekileyo, kodwa hayi emva enguqukweni, emva kwindawo kwaye enze imisebenzi emidala kwakhona.

³⁶⁷ Ke nonke niyancunkca ukusuka kwimvuselelo ukuya kwimvuselelo, kwindawo emva koko kwenye, aniboni anizinzanga, animiliselekanga? Ngoku, ngokuqinisekileyo, Uthi, “Mzalwana uBranham, andiyazi ukuba...” ngokuqinisekileyo uThixo ebengayi kundinika ulungiselelo Andinike lona, aze andiyeke ndibesekunxaxheni. Kwaye ukuba ibingaqondakaliswanga ngeSibhalo, ngoko ibiyakuba inxaxhile, kodwa *nasi* isiSibhalo sokuyixhasa. Ibandla zange layiphosa indawo.

³⁶⁸ Abantu bayaya, bajoyine icawa, baxambule, balwe, baxhalabe, nayo—nayo yonke into, baze nje baphile naluphi uhlobo lobomi benyama, “Owu, ewe, ndingumKristu.”

³⁶⁹ Ndiluvile uvumo namhlanje, lwenenekazi elincinci lindixelele ukuba umyeni walo wayebaleka nendoda. Wababamba, indawo emva kwendawo. Kwaye umfazi uthi, “Ndizakwazisa, ‘NdingumKristu.’” Um-hum.

³⁷⁰ Jonga ngapha kuJimmy Osborne, phandle apha eshumayela kusasa ngeCawa; kunye nebhuri-wurhi, rock-and-rolled ukudlikidla nayo yonke into, iveki yonke.

³⁷¹ Jonga ku-Elvis Presley, uhlobo luka 1947 lukaJuda Skariyoti, ujoyina i-Assemblies of God, umPentekoste, uthetha ngeelwimi ukwenzela uMoya oyiNgcwele, aze athumele imiphefumlo emininzi ekuthuthunjelweni kunazo zonke izikroxo zotywala ebezikhona kwiminyaka elishumi elinesihlanu yokugqibela. Egqwethe ingqondo yabasafikisayo abantwana kwihlabathi lonke, de amantombazana amancinci ayakuthabatha impahla zawo zangaphantsi aze azigibisele eqongeni, nakuye ukuba atyikitye umbhalo wakhe kuzo. Ekrwada kakhulu okokuba abasayi kumbonisa kumabonwakude, ukusuka esinqeni sakhe ukwehla, indlela

umzimba wakhe. UMoya oyiNgcwele, ethetha ngeelwimi, ukwenzela ubungqina? Owu, mzalwana, ukuba uMoya oyiNgcwele ubuphaya, Ubungayi kwenza ngolwahlobo. Wazi ngcono kunokuya. Ngokuqinisekileyo hayi. UThixo uyaluthanda ucoceko nobunyulu nobungcwele.

³⁷² Andizenzi ococekileyo nonyulu nongcwele ukuzenza umKristu. Kodwa uKristu, ngaphakathi kwam, uphila okuya ngaphakathi kwam. Kwaye ndiyamthanda Yena. Kwaye ukuba ndenza nantoni engalunganga, iyandohlwaya. Kanye phaya ndiyakuthi, “Thixo, ndixolele.” Yonke imihla, ndifanele ndicele uxolelo, yonke imihla. Kwaye wenza njalo, nawe. Ngokuqinisekileyo, uyayenza.

³⁷³ Kodwa ngoku ukuba u—ukuba ungowenyama, ulinda nje emva, uthi, “Aha, kulungile, konke kulungile, ndingowecawa.” Yabona? Kwaye emva koko xana usanyelisa, kuxa ungenalo uKholo olwakhe lwanikelwa kwabakanye kwabangcwele. Emva koko uhlekisa ngoKuya, uze uKubize, “Umoya ongolileyo.” Uthi, “Eliya ligquba labagqengqeleki abangcwele.” Emva koko, uyazahlula phakathi kobabalo nomgwebo, ngoko ugqityiwe ngonaphakade.

³⁷⁴ UYesu wathi, “Igama elinye ngokuchasene naWo, alisokuze lixolelwe kwelihlabathi okanye kwihlabathi elizayo.” Kwaye umKristu, ozelwe ngoMoya, akanakutsho okungcolileyo malunga noKuya, kuba ayinakwenzeka. Iyavumelana naWo. Injalo lonto.

³⁷⁵ Eso sisizathu abantu bazama ukundixelela, ukuba iNtsika yoMlilo phaya, ebonakala apha kunye nathi, bazama ukuthi, okokuba, “Okuya yayingumtyholi,” ukuba, “Yayilibali nje elingekhoyo,” konke oku. Kodwa ikhamera yaqondakalisa ukuba Yayingelilo. Kwaye imisebenzi ilele kanye ngqo eBhayibhileni, ekwanye iNtsika yoMlilo eyahlangana noPawulos endleleni yakhe eya eDamasko. Zonke ezi zinto Awazenzayo emva phaya, uyazenza nje ngqo ngendlela ekwanye, ngeBhayibhile. NguKristu, uNyana kaThixo.

³⁷⁶ Kwaye xana sizalwe ngokutsha, sinoBomi obunguNaphakade, kwaye asinakutshabalala. Ayinakwenzeka ukuba umntu akreqe. Yilonto iBhayibhile ikutshiloyo.

³⁷⁷ Ngoku, phulaphulani, jongani oko uPawulos akutshoyo. Ndiyakufunda ixenye yako, ndize ndibona ukuba okuya akuvakali kakuhle, ngoku. Masiqhubekeni, nje umzuzu. Umqolo we-8.

Kodwa othi uvelise imithana enameva neenkunzane uyaliwa, kwaye ukufuphi nengqalekiso; esiphelo sisa ekutshisweni. (Lowo ngongakholwayo.)

³⁷⁸ Ngoku qaphela uPawulos. “Kodwa, zintanda, . . .” Ngoku uthetha malunga nabo bazama ukubuyela phantsi komthetho, niyazi, abazama ukwenza yonke imisebenzi yomthetho, noko

nje bangabesiko kangangoko benakho. Banobhaptizo nobekelo lwenzandla, nazo zonke ezi zinto.

Kodwa, zintanda, sikholose ngezinto ezilungileyo ngani, . . .

Nantso ke. Phulaphulani kuye ngoku.

. . . nezinto eziyelelene nosindiso, nakuba—nakuba sisenjenje ukuthetha.

Kuba uThixo akanantswela bulungisa ukude ayilibale imisebenzi yenu nemizamo yothando, enalubonakalisa kulo igama lakhe, ekubeni nalungiselela kubo abangcwele, kwaye nilungiselela.

³⁷⁹ Yabona athetha malunga nako? Akathethi malunga namaKristu akreqayo, kungenakwenzeka ukuba abuyeke. Uthetha malunga namakholwa enyama angena kwimo yohlaziyo. “Kodwa,” wathi, “nina enanizelwe ngokutsha, nina ningamaKristu, zintanda sikholose ngezinto ezilungileyo ngani. Anizitsho ezi zinto. Aniphili olwa hlobo lobomi. Nikhuselekile ngoKristu.”

Wathini emva apha? Ngoku masiyeni kumaHebhere i-10, apho besikhona ngale ntsasa, kwakhona. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

³⁸⁰ Ngoku masityhileni ngaphaya ngoko, kwakhona, kuma-Efese 4:30. Kwaye masifumane oku, nje umzuzu, kwaye qaphelani oku kukutshoyo, ukuxhasa oku, ukwenza iSibhalo sihambe neSibhalo. Ama-Efese isi-4, masibone. Ama-Efese 4:30. Masifundeni size sibona oko ikutshoyo. Phulaphulani.

. . . ningawenzi buhlungu uMoya oyingcwele kaThixo, . . .

Sabhaptizelwa njani—njani eMzimbeni? NgaMoya mnye.

. . . ningawenzi buhlungu uMoya oyingcwele kaThixo, enathi natywinelwa kuwo kude kube ngumhla wokuhlangulwa kwenu.

Injalo lonto? Natywinelwa eMzimbeni kaKristu, ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, hayi ukusuka kwimvuselelo ukuya kwenye imvuselelo, kodwa kude kube yiMini yentlangulo yoMzimba. Oko koko nikuko. Ke, akukho ndlela yokuba ulahleke.

³⁸¹ Uyoyika. Kwaye eso sisizathu woyika, ukoyika, uloyiko lukhapha intandabuzo.

Uthando lukhapha ukholo. Ndiyamthanda uBawo wam. Andimoyiki Yena, ngokuba ndiyaMthanda. Akayi kundivisa kabuhlungu. Uyakundenzela okulungileyo. Ukuba bendisoyika Yena, kwaye, “Owu, andiyazi nokuba Yena uyakuyenza, okanye hayi.” Yabona?

³⁸² Kodwa ukuba ndiyaMthanda, “Ewe, Bawo, ndi—ndiyakuthanda Wena. Kwaye ndiyayazi Wena u—Wena unguBawo wam, kwaye Wena uyandithanda, kwaye andoyiki kodwa Wena uyakuligcina iLizwi Lakho. Sisithembiso Sakho kum.” Leyo yindlela uMoya kaThixo oyenzayo.

³⁸³ “Kodwa, owu, ukuba ndenze *oku*, ukuba ndenze *okuya*.” Yabona, nako usiza kwicalo lomthetho, kwakhona. Ungaze uye kwicala lomthetho. Alilunganga.

³⁸⁴ Icala elilungileyo koko ukufunayo. Sele ingumsebenzi ogqityiweyo. UKristu wafa, kwaye isono sabulawa xana Wafayo. Kwaye ukuba uThixo wakubekela kwangaphambili kuBomi obunguNaphakade, “Bonke athe uBawo waNdinika bona, bayakuza kuM.” Nantso ke, akunakulahleka. Ukhuselekile ngonaphakade. “Kuba ngaMoya mnye sabhaptizelwa Mzimbeni mnye, kwaye ngedini elinye Yena wasigqibelelisa naphakade.” Nantso ke. Akukho ndlela yokuba silahleke. Ngokuchanekileyo. Ngoku, ayikwenzi uzive kamnandi?

³⁸⁵ Ngoku, wazi njani ukuba ungumKristu? Xana umoya wakho ungqinelana noMoya Wakhe, xana uthando lukaThixo lusentliziweni yakho, xana unothando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, umonde, ukulunga, ubulali. Oko kuxa wena . . . Iziqhamo zikaMoya zilandela ubomi bakho.

³⁸⁶ Hayi ngokuba unganisa eMoyeni, owu, kwesi singqi salemihla, basihlokomise kwipiyano, kweninzi yalo mdaniso kuMoya. Zona ezo zinto zilungile. Kodwa baye bathabathela into yonke kwicala lomthetho, yabona, kwaye ngoko ke, bashiye uMoya kaThixo ngasemva.

³⁸⁷ Eso sisizathu, xana uThixo eqalisa ukuZibonakalisa, bathi, “Ubuvuvu. Asifuni nto yakwenza noKuya.” Abamazi uThixo. Abazange baWubona. Abanakho ukuWuqonda, ngokuba kukho ubomi obahlukileyo phaya. Akayazi, ikhakakhaka aliyazi into eyenzayo ingqolowa. Ububomi obahlukileyo.

³⁸⁸ Leyo yindlela ekungayo kunye nomKristu, kwikholwa lenyama, umvumi, ohamba aphume aye kuvuma, “Owu, ewe, ndingumKristu.” Umdiza isiga emlonyeni wakhe, njengenkabi yenkomo yaseTexas enqunyulwe amaphondo.

³⁸⁹ Umfazi enxibe ezimfutshane, athi, “Owu, ewe, ndililungu lebandla. Ngokuqnikisekileyo, ndililo.” Iziqhamo zakho zibonakalisa ukuba akuyonto kuphela owenyama. Injalo lonto. Ngokuqnikisekileyo, injalo. Inye kuphela into yokuvumela oko: ingaba kukungaphelile kwengqondo okanye umoya wenkanuko kuwe. Injalo lonto.

³⁹⁰ Ukuba ufuna ukwenza njengehlabathi, iBhayibhile yathi, “Ukuba uthanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho kuwe.” Ke nantso ke.

³⁹¹ Ngoku, uthi, “Owu, iBhayibhile yathi, ngoko mandenze okuya.” Hayi, asiyiyo. Hlala apha ade uKristu abe ukwenzele into ethile, oko kukhupha okuya kuwe. Ngoko uzalwe ngoMoya kaThixo. Hayi oko ukwenzayo, koko Akwenzele kona. De ube ufumana uthando lokuba udululile ekufeni wangena eBomini. Kwaye ngoko qaphela ubomi bakho, ukuba bu—ukuba buchitha ixesha. Hayi kuba uzama ukwenza ubomi bakho, kodwa ngokuba uThixo ukwenza uthobele uMoya oyiNgcwele. Asinguwe ozikhokelayo kwindlela kaThixo. NguThixo okhokela wena endleleni Yakhe Yena. Hayi ukhokela, kodwa uThixo ekhokela.

³⁹² Ngoku qaphela oku, ngoku, njengoko sisehlela ekupheleni. Umqolo we-11.

*Kwaye sinqwenela ukuba ulowo kuni alubonakalise
kwa olo lukhuthalo asingise kwinzaliseko yethemba ade
ase ekupheleni:*

*Ukuze ningabi ngababuthuntu, kodwa nibe
ngabaxelisa abo bathi ngokholo nangokunyamezela
bawadla ilifa amadinga.*

³⁹³ Ngoku, nje ukuphawula kube kunye apha.

*Kuba xana uThixo wenza idinga ku Abraham,
ngokuba bekungekho namnye omkhulu angamfungayo,
wazifunga yena,*

*Esithi, Inene ukukusikelela ndiyakusikelela,
ukukwandisa, ndiyakukwandisa.*

³⁹⁴ Xana uThixo wahlangana no Abraham! Ngoku, u-Abraham wamkela umnqophiso, ngaphandle kwemfaneleko konke konke. Umnqophiso wenziwa kunye no Abraham. Lubabalo ngokuqinisekileyo, konke konke. U-Abraham wayengeyondoda ingcono. Wayengeyondoda yobungcwele. Wayeyindoda nje eqhelekileyo. Kwaye uThixo, ngolonyulo, wakhetha u-Abraham ngokuba uThixo wonyula yena; hayi ngokuba u-Abraham wayekufuna, ngokuba u-Abraham wenza oku, ngokuba wayeyindoda elungileyo, kuba wayenazo naziphi imfaneleko konke konke. Kodwa yayilukhetho lukaThixo. UThixo wathabatha u-Abraham.

³⁹⁵ Namhlanje, njengoko nditshilo, Ndiyakholwa, “Sikhetha abashumayeli bethu.” Siyahamba, sithi, “Kuhle, elinye lamadikoni liyekile. Masifumane indoda engcono esakhiweni yokuthabatha indawo yalo. Kuhle, umalusi uyekile; masifumanise, sifumana oyena ungcono.” Ngelinye ixesha oko akulunganga.

³⁹⁶ Xana bakhetha indoda yokuthabatha indawo kaJudas, bafumana indoda engeyiyo. Bafumana inene, uMatiyas, umbhali omkhulu, isifundiswa, ichule. Bathi, “Uyakuthabatha nje indawo yenene. Nkwenkwe, ukhangeleka njengendoda yenene.”

Kodwa yayingelokhetho lukaThixo. Kwaye wathatha le ndoda, kwaye zange amenzele nanto uThixo.

³⁹⁷ Kodwa uThixo wenza ukhetho lomncinci, onephuku, ompumlo igobileyo umYuda oweza wehla phaya kunye nobuso bakhe bonke, “Ndiyakwehla. Ndiyakubabamba.”

³⁹⁸ UThixo wathi, “Ndibona into kuye. Ndiyakumsebenzisa.”

³⁹⁹ Kwaye uThixo wabonakala nje phambi kwakhe kokwakuKhanya kukhulu phaya. Waza wathi, “Ungubani na Wena, Nkosi?”

⁴⁰⁰ Wathi, “NdinguYesu. Kutheni, wenzakala ukhaba iimviko. Unditshutshisela ntoni na Mna?” Ngolwa hlobo, kwaye uThixo wathabatha *la* ndoda waza wayenza enye yamakhulu amadoda awakhe wathi cakatha ebusweni bomhlaba kusukela ngoYesu Kristu. Elo yayilukhetho lukaThixo.

⁴⁰¹ Namhlanje, sizama ukwenza ukhetho. Nina mabandla, nithumela *le* ndoda apha, *nala* ndoda apha. Ayifanelanga ukwenziwa ngala ndlela. UThixo uyakhokela. NguThixo kuko konke, ngako konke, phezu kwako konke; hayi oko incwadi ethile yebandla elithile. Koko uThixo wakutshoyo malunga nako, okwenza umahluko.

⁴⁰² Qaphela. UThixo waye wenza isithembiso ku Abraham, esingenamiqathango. kwaye ngoku, linda, u-Abraham akazange afuneke enze nanye into. Wathi uThixo, “Sele ndiyenzile.”

⁴⁰³ UThixo waye wenza isithembiso ku Adam, wathi, “Adam, ukuba akuyi kukuchukumisa *oku*, uyakuphila naphakade. Kodwa ngomhla usitya kuwo, ngawo lamhla uyakufa.”

⁴⁰⁴ Wathi u-Adam, “Andiyazi nje konke oku kumalunga nantoni, kakade?” Waya ngaphaya waza wayitya, waphathaphatha.

⁴⁰⁵ Lonke ixesha athe uThixo wenza...umntu wenza umnqophiso noThixo, okanye uThixo nomntu, umntu uyayophula indawo yakhe. Ke uThixo kwafuneka enze into ethile, ngokuba Wabona into awayeyiyo umntu. Kwaye babemiselwe ngexa elingaphambili, babonyuliwe, kwaye uThixo kwafuneka enze into ethile. Ke uThixo wehla waza wenza umnqophiso Wakhe no Abraham, ungenamiqathango. Ukuba ubungayi kuba ngongenamiqathango, u-Abraham enge elahlekelwe, kwakudala.

⁴⁰⁶ Jonga kuye ehleli ezantsi phaya eGerari, ewile, ethetha ubuxoki. Kwaye enikeza ngomfazi wakhe kwenye indoda, ukuze asindise isiqu sakhe. Enjani indoda! Ehleli phandle phaya, kwaye ekreqile. UThixo wamxelela, wathi, “Sukumka apha. Hlala apha.” Indlala yamkhupha. Wabhadula wehlela apho kwakulula. Niyazi kwenzeka ntoni kumfo xana ethabatha indlela elula.

407 Wabhadula, ezantsi phaya apho ingca yayiluhlaza. Kwaye xana wafika ezantsi phaya, waxelela lakumkani ukuba umfazi wakhe yayingudade wakhe, ukuze asindise isiqu sakhe. Ngoku, obuya yayibubuxoki. Kwaye nayiphi indoda, eyakuthabatha umfazi wayo innikeze kwenye indoda, ukusindisa isiqu sayo! Nankuya, ehleli phandle phaya kwintente encinci, umkreqi, ethetha ubuxoki, waza waphuma kweyakhe... waqhawula konke ukumnka kwisithembiso nayo yonke into, kodwa waye esenguye umprofeti kaThixo.

408 Kwaye nankuya u-Abhimaleki, waye eyelungileyo, engwele indoda. Ngokuqinisekileyo, watsho imithandazo yakhe qho ngobusuku. Wafumana lo makhulu, wekhulu leminyaka ubudala, wahla waya phaya, emhle kwaye esemtsha kwakhona. Wathi, "Leya yintombi ebendiyifuna, ke ndizakuyitshata nje."

409 Wathi u-Abraham, "Ungamfumana. Ungudade wethu."

Yena, "Ungumntakwethu."

410 Ke wamthabathela ngaphaya waza wenza abafazi bamhlambe kwaye—bamnxibise iimpahla ezintle, kwaye bamlungise njenge—nkosazana. Waze watsho imithandazo yakhe, wazolula ebhedini, wajongisa iinyawo zakhe phezulu, waze wathi, "Ngomso, ndiyakutshata lantombi yomHebhere intle, la—ladade walankwenkwe phandle phaya. Owu, iyakumangalisa. Owu Nkosi, Wena uyayazi ukuba ndiyakuthanda Wena! Ewe, mhlekazi. Iyamangalisa!"

411 Waze wathi uThixo, "Ulunge nje ngendoda efileyo." Uhu-huh!

412 [UMzalwana uBranham uyakhohlela—Mhl.] (Uxolo.) Abra-... Kutheni, u-Abraham wayehleli ngaphaya, engqengqile, ekreqile. Kwaye nantsi ilapha le ndoda, enyanisekileyo nelilungisa nethe tye indoda. "Kutheni," wathi, "Nkosi, Uyakwazi ukunyaniseka kwentliziyo yam. Akandixelelanga na, ukuba ibingu 'dade' wakhe?"

413 Wathi, "Ndiyakwazi ukunyaniseka kwentliziyo yakho. Seso sizathu ndikuthintelayo ekoneni ngokuchasene naM. Injalo lonto. Ndiyakwazi ukunyaniseka kwentliziyo yakho. Kodwa umyeni wakhe ngumprofeti waM." Haleluya! Owu, ukuba oko asilobabalo, yintoni? "Ukukreqa, ukuxela ubuxoki, nokuhlala phandle phaya, kodwa usengumprofeti waM. Thabatha umnikelo, uze uye kuye, uze ubuyisele umfazi wakhe, okanye uyindoda efileyo. Andisayi kuphinda ndiyive imithandazo yakho. Mayikuthandazele." Amen. Nantso ke. "Lowa ngumprofeti waM."

Ngoku, uthi, "Owu, ndinqwenela bendingu Abraham."

414 "Ukuba sifile kuKristu, siyiMbewu ka Abraham, neendlalifa ngokwendinga." Kulungile. Oko koko iBhayibhile yakutshoyo. Ungathanda ukukufunda Oko? Kutheni, iBhayibhile yatsho

ukuthi—ukuthi idinga lalingekho ku Abaraham yedwa nakwiimbewu yakhe. Njengawe. . . U-Abraham wayeneembewu ezininzi, ngokuqinisekileyo, abantwana abaninzi. U-Ishmayeli yayingumntwana wakhe. Wayenesixhenxe okanye isibhozo sabantwana emveni kokufa kukaSarah, ngomnye, uKetura. Kodwa, khangela, imbewu yayingothenjisiweyo, owayengu Isake, kwaye ngo Isake kweza uKristu, ngoKristu kweza thina. Idinga alinamiqathango.

⁴¹⁵ Ngoku, malunga naphi no Abraham? Ngokuba, wayeselegqityiwe, ibingasayi kwenzeka ukuba yena abuyele kwakhona. Ngokuqinisekileyo. Ibingasayi kwenzeka ukuba uSawule angakhe abuyele emva kwakhona, ukuba oko, ubuyakufuneka ufunde iSibhalo ngala ndlela. Yabona? Kodwa yayingeyiyo. Isithembiso sikaThixo simi ngonaphakade.

⁴¹⁶ Masifundeni apha nje umzuzu. Ndifuna ukufunda Yona. Ndifuna ufumane amaGalati 3:16, uze ufunde oku, uze ubone ngoku yintoni elalililo idinga, kwaye ubone ukuba—ukuba silidinga Lakhe okanye hayi, 3:16. Phulaphulani apha. Kulungile. Ndizakufunda umqolo we-15, nawo.

Bazalwana, ndithetha ngokwabantu; kwanowomntu umnqophiso, noko ukuba uzinzisiwe, akukho namnye uwutshitshisayo, okanye ongeze kuwo.

Ngoku ku Abraham nembewu yakhe (Imbewu, s-ophindiweyo e, d.), kwimbewu yakhe laye lenziwe idinga.

“Ku Abraham neMbewu yakhe.” Ngoku qaphela.

Akathi, nakuzo iimbewu (isininzi), ngokungathi uthetha ezininzi; kodwa ngokungathi. . . omnye, Kunye nakwimbewu yakho, enguKristu.

⁴¹⁷ Ngoko, uKristu wayeyiMbewu ka Abraham. “Kwaye ekubeni safayo kuKristu, saza sabhaptizelwa eMzimbeni Wakhe, siyiMbewu ka Abraham, kunye neendlalifa ngokwedinga.” Ngoko injani, ungaze uwe njani, ukuba uThixo wenza idinga kuwe? Ungaze ukreqe njani, uze umke kwaye kufuneke uye esihogweni ngenxa yalonto?

⁴¹⁸ Ngoku, uthi, “Kuhle, asinakukreqa?” Ngokuqinisekileyo. Kwaye xana ukreqa, uzakuyifumana, ungakhathazeki. U-Abraham wayifumana, kwaye bonke bayifumana, kwaye uyakuyifumana. Sukucinga ikunika ilungelo lokona. Ayikuniki. Uyakuhlawula ngayo yonke into oyenzayo. Uyakuwuna okuhlwayeleyo. Wenza isono esinye esincinci kwaye uyakuwuna ibhafu yonke ezeleyo. Injalo lonto. Kodwa, mzalwana, oko akuthethi ukuthi ulahlekile. Oko kunjalo ngqo. U-Abraham wavuna ngqo oko wakuhlwayelayo. Injalo lonto. Kodwa wayesasindisiwe.

419 Umnqophiso owathi uThixo wawenza kunye noSirayeli: baphulukana nelifa labo, baphulukana nomhlaba wesithembiso baza behlela eYiphutha, kodwa babengalahlekelwanga ngumnqophiso wabo. UThixo wathi, “Ndiyakhumbula isithembiso saM ku Abraham. Ndiyakhumbula, kwaye ndehlile ndize kukhulula abantu baM. Yehlala phaya, Moses, uze uxelele uFaro, ndithe, ‘Khulula abantu baM.’ Ndiyakhumbula ndenza isithembiso ku Abraham nakwimbewu yakhe.”

420 Leyo yinto ekwanye eyiyo kunye nathi. Ke ukuba nafayo, kwaye ubomi benu bufihlwe kuThixo, ngoKristu, akukho nto ehlabathini enokunichukumisa. Ngoku, ungaya kwaye wenze ngokungalunganga, kodwa ukuba ngenene, ngenyaniso, ungumntwana kaThixo, kwaye uyabona ukuba wenze impazamo, uyakuphakama uze uzame kwakhona. Injalo lonto, kwaye akuyi kulala phaya.

421 Kodwa ukuba uligwala, ukuba ulikhakakhaka, ukuba akukho ku “phakama” kuwe, uyakuthi, “Aha, ke, bekungekho nto kuYo, kakade.”

422 UBukumkani bukaThixo bufana nomntu owathatha umnatha waza waya elwandle, wawuphosa. Xana ebuya, wayenamafudo, amasele, iinyoka, amacikilisho, izigcawu, kunye neentlanzi. Leyo yiVangeli xana Ishunyayelwe.

423 NjengeNkosi iyakuxelela umlungiseli, njengoMzalwana uGraham, “Nyukela *apha*. Yiya kweli gophe uze ulobe ithutyana, Mzalwana uGraham.” Kulungile, athabathe umnatha wakhe aze anyukele phaya aze aqalise ukurhugula.

“Uyaphi, Mzalwana uBill?”

“Ndiya ndaweni ithile engenye, kwaye ndiphose kweligophe.”

424 Ndiyatsala, “Nabaya, Nkosi, Uyayazi bayintoni.” Nditsala umnatha kwakhona, “Kulungile, naba, Nkosi.”

425 Ngoku, ufudo lwalulufudo okokuqala. Ubanjiswe nje emnatheni. Injalo lonto. Kwaye leyo yindlela abantu ababanjiswa ngayo kwimvakalelo, “Owu halaluya! Haleluya! Mayibongwe iNkosi! Uzuko kuThixo! Haleluya!” Baye babanjiswa nje emnatheni, yilonto kuphela.

426 Ukuba lamoya mdala kafudo ukubo, ayizikuba lixesha elide, bathi, “Kuhle, ndiyakuxelela...” Nankuya ehamba, erhubuluzela ngasemva.

427 Kwaye inenekazi uCrawfish uyakuthi, “Kodwa andikwazi nje ukukuqonda oKuya.” Yabona?

428 UNkosazana Sigcawu ehleli phaya ithutyana, athi “plop, plop, plop,” abuyele emva, “Ke, bekungekho kwanto kuYo, kakade.”

429 UNkosazana Rhamba uyakuthi, “Owu, baligquba labanqengqeleki abangcwele. Kuko nje konke okukhoyo kuYo. Ndiyakwehlela apho banembandlo engcono kunako okuya.” Kutheni, uyinyoka, indawo yokuqala. Umnatha weVangeli ubambise nje wena, yilonto kuphela.

430 Kodwa intlanzi ithatyathelwa etafileni yoMphati. Yayiyintlanzi, indawo yokuqala. IMbewu yakhe yayiyintlanzi. Yaqalisa, intlanzi, kwaye uThixo Wayazi intlazi Yakhe ukusukela ekusekweni kwehlabathi. Halleluya!

431 Khumbulani, bonke baphefumla akwamanye amanzi anodaka phandle phaya. Bonke baphefumla bonke umfula okwa mnye. Injalo lonto. “Sonke senza. . .sasela kwilitye elinye lokoMoya. Sonke satya imana entlango.” UKhalebhu noYoshuwa batya imana ekwanye abathe—abathe bonke bayitya. Kwaye bonke bawela entlango. Kodwa kwakukho isibini esasinyulelwe ukuwelela, kwaye sawela. Injalo lonto.

432 “Sonke saseliswa kuMthombo omnye.” Kodwa asingabo bonke abaselayo abasindisiweyo. Sonke senziwa sikhwaze kunye. Sonke senziwa sivuye kunye. Kodwa aBanyuliweyo basindisiwe. Ingaba niyaqaphela? Kuthiwe, “Imimoya emibini, kwimihla yokugqibela, iyakusondelelana kakhulu de ikhohlise naBanyuliweyo ukuba benkunokwenzeka,” *ukuba* bekunokwenzeka. Yabona? Lowo nguMoya wenene kaThixo, owanyulelwe kuBomi obunguNaphakade.

433 Ngoku siyavala. Emva koko uMzalwana uNeville uyakuchola apho ndishiye khona apha. Kulungile.

Kwaye oku ndiyakutsho, okokuba umnqophiso, ozinzisiweyo ngenxa engaphambili nguThixo kuKristu, umthetho, owawungamakhulu amane onyaka, amakhulu amane anamashumi amathathu eminyaka kamva, awunakuphangwa igunya, ukuze ulibhangise igunya idinga elo.

Elo lidinga awathe uThixo walinika u-Abraham, ngaphambi komthetho wakhe wabakhona.

Kuba uku—kuba ukuba ilifa liphuma emthethweni, lona alisaphumi edingeni: kodwa uThixo walinikeza ku Abraham ngedinga.

Hayi ngento othi uyenze, hayi nangawuphi umthetho, nayiphi imithetho yebandla lakho, ngokujoyina icawa, okanye nawuphi ongomnye umthetho. Ngokwenene sisenzo sikaThixo sobabalo, kuwe. Nantso ke.

434 Qaphela.

Uyintoni na ngoko umthetho? Walekelwa ngenxa yezigqitho, ukude ifike imbewu leyo idinga labekwayo; . . .

Ingaba ayicacanga na njengempumlo ebusweni bam? “Walekwa, ukuma ide iMbewu ifike, eyayinguKristu, Lowo idinga labekwayo.”

...kwaye wabekwa ngezithunywa zezulu kwaye usesandleni somlamleli.

Ngoku umlamleli akamlamleli mye, kodwa uThixo mnye.

435 Ngoku, ndiyashiya kanye apha, ukuqalisa ukusuka kanye phaya ukwenzela uMzalwana uNeville, kwaloLwesithathu uzayo.

436 Ngoku niyakuqonda oko sikutshiloyo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Oko ngokwenene akunakwenzeka ukuba umKristu ozelwe ngokutsha ukuba...andithethi, ngoku, *uzibiza yena*, “ozelwe ngokutsha.” Ndithetha, owenene, ozelwe ngokutsha umKristu, ongakhe awe kubabalo, akanakuyenza lonto. Angawa, injalo lonto, kodwa akanakho, soze, aphume kolwababalo.

U-Abraham wawa ukusuka kubabalo. Ngokuqinisekileyo, wayenza. UThixo wamxelela ukuba a “hlale phaya.” Waphuma kuyo, kodwa akazange alahlekana nomnqophiso wakhe. Wayesengokhethiweyo kaThixo. Wayengumprofeti ehleli phaya. Wayesoloko enguye. Uyakusoloko engokaThixo.

437 Ngoku qaphela. IBhayibhile yatsho, ukuba, “Wonke uSirayeli uyakusindiswa.” Bangaphi abakwaziyo oko? IBhayibhile yathi, “Wonke uSirayeli uyakusindiswa.” Ngoku, “USirayeli akangoSirayeli ongokwasenyameni, kodwa uSirayeli ongowoMoya, kuba izipho nobizo zingaphandle kwenguquko.” Ingaba oko koko iBhayibhile yakutshoyo, kwawona umqolo olandelayo? AmaGalati. Kulungile. “Wonke uSirayeli uyakusindiswa. Wonke ngamnye kubo usindisiwe.” Siba nguSirayeli njani? “Ekubeni sifile kuKristu, sithabatha iMbewu ka Abraham, kwaye sizindlalifa ngokwedinga.”

438 UPawulos wathi, “Okokungaphandle asingumYuda, kodwa koko kungaphakathi, kungumYuda, Abo bedinga.” Kwaye siyiMbewu ka Abraham, ngedinga, ngaye uKristu, ukwamkela yena njengomSindisi wethu.

439 Owu, ndiyathemba niyayibona. Ndiyathemba niyayifumana, ukuba ningahlala naYo ithutyana. Ngoku ngaphaya apha sigqibezela lena, emva koko siqalise kuMelkitsedeki, ntoleyo isibuyisela emva koku kwakhona. Siqalisa kanye ekuqaleni kwi...Owu, Yona nje, into yonke iyamangalisa. Kodwa siyaqhubeka ukungena kwelocwambu lwento.

440 Ngoku, yabona, ukuba uthabatha Oku *apha*, ikhangeleka, ukuba ungafunda Yona nje ekuqapheleni, njengongqongqo wenene umTriniti, okholelwa ukuba kukho ooThixo abathathu, wandixelela ngelinye ixesha, ukuba, “UMateyu i-3

ngokuqinisekileyo wachaza ukuba kwakukho abathathu, iziqu zaBantu abathathu kwintlokobuThixo.”

441 Ndathi, “Kufanele ndiyibone.”

442 Wathi, “Qaphela.” Emile kanye kule pulpiti, wathi, “Jonga apha, uMateyu i-3,” wathi, “Xana uYesu waphumayo emanzini, bonani, amazulu avulekela kuYe, kwaye Wabona uMoya kaThixo njengehobe. Kwaye iZwi lisuka eZulwini lisithi, “Lona nguNyana waM oyintanda, eNdikholisiweyo ukuhlala kuYe.” Kwaye kwakukho abathathu: uNyana enxwemeni; uMoya oyiNgcwele phakathi; kunye noBawo phezulu.”

Ndathi, “Mzalwana, iSibhalo asifundeki *ngolwahlobo*.”

“Owu, ewe, Siyafundeka!”

Ndathi, “Ngoku funda Sona kwakhona, fumanisa ukuba siyenza.”

443 Ngoku, nanku umfanekiso wakhe. *Apha* nguThixo, uNyana; *nankuya* uThixo, uBawo; *nanku* uThixo, uMoya oyiNgcwele, njengehobe. Ngoku qaphela. IBhayibhile yathi, xana uYesu wayebhaptizwa, “UNyana waphuma emanzini, bonani, amazulu ngasentla Kwakhe avuleka. Kwaye iZwi lisithi ngo . . .” Wabona uMoya kaThixo, uMoya kaThixo, njengehobe. Hayi omnye uMntu phezulu *phaya*, kodwa lo Moya kaThixo wawuliHobe elalingasentla Kwakhe, Kwaye iZwi lisiza, lisithi, “Lona nguNyana waM oyitanda, Endikholisekileyo Mna ukuhlala kuYe.” Ngoku funda uMateyu i-3 uze ubone ukuba ayikutsho na okuya. Yabona? Hayi abantu abathathu, hayi konke konke.

444 Kwaye leyo yindlela . . . Oku akutsho ukuba akunakwenzeka ukuba umntu angaze abuyele emva, ngoko, xana ekreqile. Ayikutsho oko. Ayikutsho oko. Ithi, “Akunakwenzeka ukuba umntu angakhe abuyele ekuzihlaziyeeni, emveni kokuba ebekhe waba phaya.” Akanakuyenza.

445 IBhayibhile yathi, “Lowo uzelwe nguThixo, akasenzi isono, kuba akanakona. Kuba iMbewu kaThixo ihleli kuye, kwaye akanakona.” Ndingabizwa njani umoni, xana kukho idini lilele phaya ukuze lithabathe indawo yam? Ndingafa njani, xana ndahlawulelwa ukufa? Ndingafa njani, xana ndinoBomi obunguNaphakade? Ndingayenza njani? Akunakuyenza.

446 Ndinganaso kanjani isigunyaziso esibhaliweyo sisuka kusodolophu wesi sixeko, ukuba ndiqhube amashumi amathandathu eemayile ngeyure kwesisixeko, kwaye naliphi igosa elidibambayo ngokuqhuba amashumi amathandathu ngeyure? Ungayenza njani lonto? Ndinesigunyaziso sisuka kusodolophu othi ndingayenza. Akakwazi kundibamba. Ukubamba kwakhe—kwakhe, angavuthela impempe nayo yonke into engenye, kwaye ndingangamhoi nje. Ayithethi kwanto; ndinesigunyaziso.

447 Kwaye ndingathini, ngoko, njengoko emva kokuba uKristu wandifelayo kwaye ndiba bubulungisa Bakhe ngenxa yenceba nothando Lwakhe kum? Ndingona njani, xana kukho into elele phakathi kwam noThixo, idini? Andinakho ukona. Andinakusenza. UThixo akazange abone mna; Ubona uKristu. Umi endaweni yam. Kwaye xana ndisenza nantoni engalunganga, uKristu uthabatha indawo yam. Ndilwenzile uvumo lwam, “Andilunganga. Yena ulungile. Nkosi, Wena uyayazi intliziyo yam. Uyayazi okokuba ndibhekiselele kuyo okanye hayi. Kwaye andilunganga. Ndixolele.” UThixo akazange ayibone. IGazi likaYesu landigquma, lonke ixesha. Ngoko angaze andibone njani uThixo? Singathini isono si-sibalelewe kum, xana Yena enganakusenza? Nje kwamsinya ndisenza, sixolelwe. [UMzalwana uBranham unqakaza umnwe wakhe—Mhl.] Injalo lonto.

448 Nje ngokuthabatha i-ithontsi elincinci ngokufana *noku*, ithontsi elincinci leliso, uze ulithabathe ligcwele yi inki emnyama uliphakamisele phezu kwebhafu yeblitshi, uze uyithontsiselele phaya, kwaye emva koko uzame ukuyifumana kwakhona. Ijika nje ibe yiblitshi. I-inki iba yiblitshi. Kwaye oko koko, izono zakho ezivunyiweyo, ukuba ungumKristu. Phakathi kwakho noThixo yibhafu yonke yeblitshi, kwaye izono zakho ziba bubulungisa ngokuba iDini lobulungisa lilinde wena phaya.

Xa ndifika emlanjeni ekupheleni kwemini,
Kwaye imimoya yokugqibela yentsizi
ibhudlile;
Inye kuphela ingcinga endikhuthazayo
neyenza intliziyo yam ivuye,
Andisayi kufuneka ndiwele iYordane ndedwa.

449 Leyo kuphela kwento elungileyo. Leyo kuphela kwento elungileyo. Andisayi kufuneka ndiyiwele. Ngenye yale mihla, siyehlela esiphelweni sendlela. Ilanga liyakwala ukukhanya, ngoko uThixo uyakubiza.

450 U-Adam uyakuya ngaphaya aze ashukumise u-Eva, athi, “Sthandwa, nali. Lixesha lokuvuka.”

451 U-Eva uyakuya ngaphaya aze afumane u-Abheli, athi, “Yiza, sthandwa. Lixesha lokuvuka.” U-Abheli uyakufumana uSete. Aze uSete afumane uNowa. UNowa afumane u . . . Owu, ukwehla, ukwehla ukuya ku Abraham, nokwehlela njengoko besiza. Kuyakubakho ukushukumisa nokuvuswa okukhulu xana uNyana kaThixo efika. Siyakuma kwimfano Yakhe ngala mhla.

452 Ngoku, ukuba wenza isono apha, uzakuhlawula ngaso. Ndiye nda . . .

453 Nje iqhubeka isiza engqondweni yam, kufanele ndiyixele. Ndizamile ukuyicima, amane okanye amahlanu amatyeli. Kufanele ndiyitsho. Bangaphi abamkhumbulayo lo mzalwana,

umalusi, owayeqhele ukuba ngapha ebandleni likaThixo? UMzalwana, kanye phezulu apha, yayingubani igama lakhe? Ebesebenzela iVorgang ezantsi phaya. Owu, nina nonke... Ibandla loKugqala likaThixo, kanye apha egopheni. Okanye, wayeqhele ukuthengisa ichiza lokuthambisa eliyiRawleigh ngexesha lo-locudiseleko lomnotho. Enobuthixo ngenene, engcwele indoda. UMzalwana uSmith wathabatha indawo yakhe phezulu phaya. Ndiyakulibiza igama lakhe kwimizuzu embalwa. Wayeyindoda esindisiweyo kaThixo.

⁴⁵⁴ Khumbula, ukuba akunyukeli uye ekulungisweni, kwaye wenze into engalunganga njengomKristu, uThixo uyakukulunkisa. Kuze emva koko ukuba akusithabathi isilumkiso, Uyakukususa nje kanye umnke emhlabeni. Oko koko Awakwenzayo.

⁴⁵⁵ Niyakhumbula, eBhayibhileni? Khangela kwelabandla lamaKorinte. Wabaxelela into ababeyiyo, ngokwendawo, kuKrsitu. Kodwa wabayala ngokwakuzakwenzeka. Kwaye bazilungisa, babasekulungelelaneni, noThixo.

⁴⁵⁶ Kwaye lomzalwana mncinci, wayengumzalwana omangalisayo, ndiyakholwa, indoda esindisiweyo kaThixo. Kwaye wazifumanela umsebenzi ezantsi apha khona e... eVorgang. Ukuba abanye babantu bakhe bahleli apha, ndiyathemba anicingi ukuba a...andinazi ukuba nihleli apha. Kodwa, uRamsey, uMzalwana uRamsey, bangaphi abamkhumbulayo uMzalwana uRamsey phezulu apha eBandleni likaThixo? Ngokuqinisekileyo, niyakwenza, emangalisayo indoda encinci. Kwaye wayeqhele ukuza endlwini yam kwaye besiya kuthetha kunye, kwaye besiya kuhlala phaya size silile size sibambane ngezandla; umKristu wenene.

⁴⁵⁷ Ngenye imini ndaya kuyo ezantsi phaya, ndisandula kubuya kumhlangano waphesheya kweelwandle, ndazisa imoto yam ukuba ihlolwe, UMzalwana uRamsey wathi, "Ndingakwenzela ntoni, Billy?"

⁴⁵⁸ Ndathi, "Yijonge, Mzalwana uRamsey. Tshintsha i-oli."

⁴⁵⁹ "Kulungile," watsho, "kuhle, tyendyana." Wathi, "unomhlangano omnandi?"

⁴⁶⁰ Ndathi, "Owu, Mzalwana uRamsey, ube umangalisa." Ndathi, "Ndingwenela ubunokuhamba nam ngelinye ixesha. Kutheni ungahambi nam?"

Wathi, "Andisayikhonzi iNkosi, Billy."

Ndabhekabheka, ndathi, "Uthini?"

⁴⁶¹ Wasuka wathi, "AndisaMkhonzi," wemka.

⁴⁶² Ndacinga, "Owu, uyaqhubekeka." Ndaqhubeka, ndaya ndaweni ithile.

463 Ndabuyela emva ndaza ndangena emotweni yam. Ndanyukela ekhaya, ndaza ndaqalisa ukucinga malunga nokuya, “Andisayikhonzi iNkosi.”

464 INkosi yabeka entliziyweni yam ukuba ndibuyele ndize ndimbuze kwakhona. Ke, ndathi, “Meda, yiba ubamba inqaba.”

465 Ndaza ndangena, ndangena emotweni yam ndaza ndabuyela ezantsi, ndema kwakhona, ndangena eVorgang. Ndathi, “Mzalwana uRamsey, ndifuna ukukubuza umbuzo.”

Wathi, “Kulungile, Billy, uyintoni?”

Ndathi, “Uthe, ngethuba elidlulileyo, akusayikhonzi iNkosi. Ubundiqhula nje, ubungenjalo?”

Wathi, “Hayi.”

Ndathi, “Mzalwana uRamsey, a—akubhekiselelanga kokuya.”

Wathi, “Ewe.”

Ndathi, “AkuYithandi?”

Wathi, “Ukuba bendiMthanda, bendiyakuMkhonza, andinjalo, Billy?” wemka.

Ndacinga. “Yitsho, Mzalwana uRamsey!”

Wathi, “Andisafuni kuthetha malunga nayo kwakhona.”

466 Ndagoduka, ndaya egumbini, ndavala ucango. Kwaye, owu, uyayazi uziva njani unzima ngenene, ngokungathi ubuyakuthabatha amaqebengwana kusana okanye into ethile, uyayazi. Nda—ndacinga, “Intoni? Ayinakwenzeka. Ngokuqinisekileyo into ethile yenzekile kuMzalwana uRamsey.”

467 Kwaye kukho inkwenkwe encinci entsundu, ebizwa ngoJimmy, iyeza apha ebandleni. Inomlenze omnye, uyayazi; iyaqhwalela, ngohlobo. Ndilibele igama layo, isebenza ezantsi phaya eVorgang, uqhuba eyokuthatha ezityobokileyo. Yahlangana nam, yaze yathi, “Uyayazi, Mfu. Branham,” yathi, “Andiyazi malunga nalo apha uGqr. Ramsey khona apha.” Yathi, “Ndimxelele, ngenye imini, ndathi, ‘Sonke besisoyika kwa ukuvula umlomo wethu khona apha.’ Yathi, ‘Ube uyindoda enobuthixo.’ Kodwa,” yathi, “Wathabatha ilayisenisi yakhe yobushumayeli waza waya ngaphaya kwibhaskithi wayikrazula phakathi, waza wayilahla ebhaskithini, yathi, ‘andisafuni nto yakwenza nayo.’”

Yathi, “Hey, mnumzana!” Yathi, “Akufanele uyenze lonto.”

Wathi, “Owu, Jim, ndigqibile ukukhonza iNkosi.”

Ke yaqhubeka, yathi, “Akubhekiselelanga koko.”

468 Yaza yathi, “Emva koko wandixelela, wathi wayesihla esiya kukuhla iivalves zakhe, ngoSuku laBasebenzi,” ndiyakholwa yayililo. “Waza wathi, ‘Ngoku, ndifuna uze kundinceda, Jim.’”

469 Yathi, “Ndiyakukunceda emveni kokuba ndibuya ecaweni, kodwa kuqala mna ndiya ecaweni.”

470 Yathi yabuyela emva ezantsi, “Kwaye uMnu. Ramsey wayekhuhla iivalves emotweni yakhe. Wathi, ‘Jimmy, nyebelezela ngaphaya komlambo. Indawo zotywala zivaliwe apha. Nyebelezela ngaphaya komlambo uze undiphathele ikasi lebhiya.’”

471 Yathi, “Mnu. Ramsey, ndibe ndinetyala lezinto ezininzi, kodwa sokuze ndibe netyala lokuphathela isicaka seNkosi ikasi lebhiya.” Yathi, “Hayi, mhlekazi. Andisokuze ndiyenze lonto.”

472 Waza wathi, “Kuhle, hamba. Lifumane, Jim.”

473 Yathi, “Mnu. Ramsey, ndiyakukhuhla iivalves zakho. Kodwa ukuba ufumana nayiphi ibhiya, uyakuyokuzifumanela ngokwakho.” Yathi, “Andisokuze ndiyokufunela isicaka seNkosi nantoni efana naleyo.”

474 Ke uRamsey waxhumela emotweni kaJimmy, waya ngaphaya komlambo; wabuya, eshushu, kunye nekasi lebhiya, elisela.

475 Waqalisa ukuya ezantsi, waza wagula. Yabona? UThixo wayengenakho ukuthetha naye. Ndamlukisa, ndenza yonke into endinokuyenza. UMzalwana uSmith waya kuye waza wamlumkisa. Wonke umntu bazama ukumenzela yonke into ababenakho. Futhi, wanikina nje intloko yakhe. Kwenzeka ntoni? Wagula waza wafa. Oko kubonisa ukuba wayeyindoda esindisiweyo. Ukuba uThixo ebengenakumenza... amzise ekuthobeleni, Ubeyakufuneka amthabathe amsuse emhlabeni aze amse eKhaya. Oko koko ngqo iBhayibhile yakutshoyo. oko koko iBhayibhile ikuthembisayo. Ukuba akuyi kumelana nokulungiswa, kufanele uze eKhaya.

476 Ke uThixo akanakuphulukana nawe emveni kokuba wakusindisayo, kodwa anganqamla imihla yakho apha, aze akwenze uhlawule ngaso sonke isono osenzileyo. Ke, ukuba uyona, uzakufanela uhlawulele oko ukwenzileyo. Khumbula nje oko.

477 Ngoku, ngoku iNkosi ibe nani. Ndiyakholwa, ngobu busuku, okokuba uMzalwana uRamsey wayesindisiwe. Ngokuqinisekileyo, ndiyayikholwa. Kodwa nje ebengayi kumthobela uThixo, kwaye xana ebengayi kumthobela uThixo, uThixo kwafuneka amzise ekhaya. Leyo kuphela kwento yokwenza, ngokuba, yayiyintoni? “Ubeya kuzisa ingcikivo kunye nehlazo kwiGazi elo wayengwaliswe ngalo.” Injalo lonto? “Aze abalele umnqophiso njengento engekho ngcwele,” ukuba oko asikuko ngqo oko le leta yesiHebhere yakutshoyo. Yabona? Ibingenakwenzeka ukuba yena alahleke, kodwa ubeya kuzisa iintloni nehlazo, ke uThixo kuyakufanela amthabathe amsuse emhlabeni aze amzise eKhaya. Oko koko ngqo kwenzekayo.

Ngoku yanga iNkosi inganisikelela, ngelixa sithobisa iintloko zethu nje umzuzu ukwenzela umthandazo.

⁴⁷⁸ Ngoku, oyena ungwele nonenceba uThixo, ngenene sinombulelo kuWe ngedinga esinalo, lokokuba Wena akusayi kusishiya okanye usiyekele. Usithembisile Uyakhamba nathi kubo ubomi, nasekufeni Uyakuba secaleni kwethu. Usithembisile ukuba sinoBomi obunguNaphakade. Ubunikezele Bona kuthi ngesisa. Asisokuze siphulukane naBo. “Bonke abo bazayo kuM, banoBomi obunguNaphakade.” Kwaye ukuba buBomi obunguNaphakade, Abunasiphelo, kwaye Uthembisile uyakusivusa ngomhla wokugqibela. Kuko oku sinombulelo. Sinombulelo wokuba iLizwi Lakho lisifundisa oku. Linisinika ithemba eliqinisekileyo. Lisenza sazi ukuba uBawo wethu Luthando. Uyasithanda, kwaye Wasikhetha. Uthe, “Asinini abaNdikhethileyo, kodwa Ndim onikhethileyo ndaza ndanimisela.” Kwaye ndimbulelo kuWe, Bawo, wokuba Wena wenze njalo. Kwaye abaninzi abahleli apha, ngobu busuku, abathi bamiselwa uBomi obunguNaphakade, kwaye baye bankela uYesu Kristu njengoMsindiso wabo. Kwaye iziqhamo zikaMoya zilandela ubomi babo: ukuthozama, ubulali, ukuthobeka, uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga. Sinombulelo ngazo.

⁴⁷⁹ Kwaye siyathandaza, Bawo, okokuba ukuba kungabakho abanye apha, ngobu busuku, abangenazo ezo ziqhamo zokukhapha bona, kodwa baphumle phezu kwentabatheko ethile, ngokuba baxhamazele, ngenye imini, ngokuba baye baba nemizwa, baye baziva kamnandi, bangabe bakhwazile, bangabe bebenze izinto ezininzi. Kodwa, Bawo, ukuba abanazo iziqhamo zikaMoya, ezibagcina imini ngemini kuthando oluqhubekayo, ukuxolela iintshaba zabo, belungisa okungalunganga kwabo, kwaye bephila ngoxolo nothando, nokulunga nobubele komnye nomnye, kunye nenzondelelo ukwenzela iBandla, uthando kuKristu nakubantwana Bakhe, Owu Thixo onguNaphakade, baxolele. Nakubeni benokuba ngamalungu ebandla, amalungu omzimba wasemhlabeni, banga bangaya ngoku baze babekele bucala leyo yenyama, imisebenzi efileyo, baze baphuthumele ngokuxunela kwingqibelelo. Siphe oko, Nkosi. Banga bangeza kuLowo ugqibeleleyo baze bamamkele Yena njengesingxengxezo sezono zabo, ukuze Yena abe nokuma njengedini eligqibeleleyo ukwenzela indoda nomfazi onetyala. Aze ababonelele ngobabalo Lwakhe lothando noxolo, bade bafike eBukhoneni bukaThixo ukuba baphile naphakade. Yinikeze, Bawo.

Ngelixa sithobise iintloko zethu:

⁴⁸⁰ Ukuba kungabakhona lowo unjalo ongathanda ukutshintshisa ngobomi benyama bemigaqo, yeembaptizo, yemizwa, yezinto ezincinci zenyama ngolwa hlobo, ukwenzela eyenene intliziyo ezeleyo yothando lwenene, ukuze—

ukuze ubenokuhamba uye kolona tshaba lwakho lukrakra kakhulu, ubeke iingalo zakho kulo uze uthi, “Mzalwana, ndiyakukuthandazela. Ndiyakuthanda.” Ukuba ungathanda ukutshintshisa la mava ezinto zenyama ukwenzela amava enene othando, ungaphakamisela isandla sakho kuThixo, uze uthi, “Thixo, ndithabathe ngobu busuku, kwaye undenze oko endifanele ndibe kuko”? Ndiyakukuthandazela, kanye ukusuka epulpitini apha. Ningathanda umthandazo? Phakamisani izandla zenu.

⁴⁸¹ UThixo akusikelele emva phaya, mhlekazi. UThixo akusikelele, mzalwana. Umntu othile ongomnye? UThixo akusikelele, mhlekazi. “Ndibe ndisebandleni iminyaka.” UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele apha, mzalwana. UThixo akusikelele emva phaya, nenekazi elincinci. “Ndiyakucela uThixo andenze ndibe noxolo.” Ungaba wena u... Ingaba ngenene unomsindo? Ingaba ucaphukile? Ingaba uyathandabuza? Ingaba uphehluzekile? Ingaba uyamangala okokuba Ingaba ilungile okanye hayi? Xana usiza kuKristu, ingaba uza engengqiniseko epheleleyo, intliziyo ezele luthando? Ingaba uya kuYe ngaphandle koloyiko, usithi, “Ndiyazi ukuba unguBawo wam”?

⁴⁸² Kwaye akukho kugwetywa, ud lulile ekufeni wangena eBomini. Uyayazi. Kwaye uyaqaphela ubomi bakho: unothando, uyaxolela, unobubele, unoxolo, unobulali. Zonke ezi ziqhamo zikaMoya zilandela ubomi bakho, imini ngemini. Kwaye kwamsinya usenza into engalunganga, owu, bethu, nje kwamsinya ifika engqondweni yakho wenze okungalunganga, ngokukhawuleza uyayilungisa, kanye ngoko. Akulindi omnye umzuzu, yiya kanye phaya uze uyilungise. Ukuba akuyenzi, akunawo uMoya kaKristu. Ungaba ngumfazi olungileyo, ungaba yindoda elungileyo, ungaba ucingelwa kakuhle ebandleni, ungabe ucingelwa kakuhle ekuhlaleni, kodwa ingaba uyile kulangqibelelo, kulandawo apho uthembela ngokupheleleyo kuKristu? Kwaye ngako oku, unikwa itywina. “U-Abraham wakholwa kuThixo, kwaye kwabalelwa kuye ukwenzela ubulungisa. Ngoko uThixo umnika itywina lolwaluko, njengesiqinisekiso.”

⁴⁸³ Ngoku uthi, “Ndikholwa uThixo. Ndenze uvumo.” Kodwa ingaba uThixo ukunikile itywina likaMoya oyiNgcwele, kubomi bakho, bothando, uvuyo, iziqhamo zikaMoya, ukuqondakalisa ukuba usindisiwe? Ukuba Yena akakwenzanga oko, ngoko Yena akakaluqapheli ukholo lwakho. Wena wenza nje uvumo. Akakalwamnkeli, kukho into engalunganga. Ungathanda ukumamnkela Yena, ngoko? Phakamisa isandla sakho, ukuba kukho omnye ongomnye, phambi kokuba sithandaze.

⁴⁸⁴ UThixo akusikelele, nenekazi eliselitsha. UThixo akusikelele emva phaya, nawe. UThixo akusikelele. Kulungile. Omnye ongomnye, nje phambi kokuba sithandaze? Kulungile.

UTHixo akusikelele, emva phaya, dade. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele, mzalwana wam. Ilungile lonto. Elinye ishumi, ishumi elinesihlanu lezandla beziphezulu.

Ngoku masithandazeni.

485 Thixo osikelelekileyo, ezitulweni zabo, bafumana isiguqo. Sisezitulweni zabo, apho bahleli khona ngoku, oye wathetha Wena ezintliziyweni zabo, okokuba aba “lungisanga.” Kusezitulweni zabo othe Wena wabeka umnqweno entliziyweni yabo, okokuba ba “nqwenela ukufana noYesu.”

486 Bafuna ubomi babo buguqulwe. Bafuna ukuba nobulali nokuthobeka. Bafuna ukuba ngabalungileyo nabazele umonde. Bafuna ukuba ngabazeka kade umsindo, benyamezelana. Bafuna ukufana kakhulu nobuKristu, ukufana kakhulu noKristu, de ihlabathi lithi, njengoko besihla ngestrato, “La ndoda ngenene ngumKristu. La mfazi ngenene ngumKristu. Owu, banokulunga kakhulu, ubulali kakhulu, abantu abanobubele kakhulu!”

487 Siphe oko, Nkosi, okokuba baya kwamkela la mava, ngobu busuku. Kwaye banga bangangaze baphumle kwizakhono zebandla labo, phezu kobulungu bebandla naliphi, naliphi ihlelo; okanye nakweziph iimvakalelo zabo, phezu nakokuphi ukuthabatheka, njengokuvakalelwa, into ethile eyenzekileyo; bangabe bakhwazile, bathetha ngeelwimi, okanye into ethile engenye.

488 Owu Thixo onguNaphakade, musa ukubenza bazame ukuthemba ukungena eZulwini kokuya, kuba siyibonile amatyeli amaninzi isilela kakubi. Kwaye Uthe iyakusilela, “Nokuba ziilwimi, ziyakupheza! Apho kukho isiprofeto, siyakunyamalala. Apho kukho ulwazi, luyakunyamalala. Owu, apho zonke ezi zinto zikhoyo, kwa nezipho, imimangaliso yempiliso, zonke ziyakubhangiswa. Kuphela loluyathando loButhixo eliyakuma.”

489 UThixo, wakudala okuya entliziyweni yabo, kwaye ubenze bazi ukuba nguMoya ozisa iziqhamo. Yenze kanye ngoku, Nkosi, ngelixa silindele kuWe, kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

490 [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...iibhola zomlilo zibhabha, kwaye ukubona amavukuthu esiya emva nangaphambili kwisakhiwo, ukubona uKristu esiza nameva ezandleni Zakhe, nakweZakhe...Owu, ingaba benisazi ukuba lumiso lomchasi-kristu olo? Wathi, “Xana ezi zinto ziqalisa ukwenzeka, ngoko khangelani phezulu, intlangulo yenu isondele.” Ngoko eso sisizathu endithanda ukucinezela wonke umzuzu endinakho ebandleni, ndize ndinenze nomelele. UMzalwana uNeville angangasoloko enathi. Ndiyakholwa uMzalwana uNeville ungolungileyo, onesakhono umfundiso

weVangeli. Asiyazi yintoni eyakuphinyela indlela yayo ukuza kule pulpiti, kwaye, xana ifika apha, “Izimvu zam ziyalazi iZwi laM.” Hlalani nela Lizwi. Ningaze nilishiye ela Lizwi. Hlalani kanye naLo. Yimani ngxi enkululekweni athe uKristu wanikhululela kuyo. Sanukubhijeleka kuzo zonke ezo dyokhwe zobukhoboka nanjalo njalo. Yimani ngxi, kwaye yimani nikhululekile. UThixo uyakunisikelela. Asinanto ehlabathini yokuba siyoyike.

⁴⁹¹ Nisoloko nimangele. Ndiqaphele ukuba abantu bayeza ukuza kuthandazelwa, bayakuma emgcezi. Kwixesha elilandelayo bebona umkhankaso wempiliso, bayakuya kuwo lomgca, bayakuya kuwo lomgca. Andibohlwayi. Bazama ukufumana umnyinyiva, kodwa baya ngendlela engalunganga. Nenza ngokuphendulelekileyo, into uThixo athe sanukuyenza. Yabona? Xana ninyuka ngokuzithemba nisiya eTroneni yobabalo, kwaye nikhulwe, oko, “Nkucelayo, niyakukuzuzo,” hlala naYo. Leyo yindlela eyenziwa ngayo; hayi nje ukunkcunkca ukusuka kwinto uye kwinto, ukusuka kwibandla uye kwibandla, ukusuka kumkhankaso ukuya kumkhankaso.

⁴⁹² Kutheni, benza lemikhankaso yempiliso njengemfumba yobuvuvu. Ngokuqinisekileyo, banayo. Ifika kwindawo apho, abantu abakrelekrele, bayabhekabheka baze bamangale ukuba imalunga nantoni. Phaya, uThixo akazifuni ezo zinto. Impiliso akudingeki ukuba ibe kwimikhankaso. Impiliso ifanele ibe kulo lonke ibandla lasekhaya, zonke ezi zipho zisebenza. Kodwa sanukuya kuphelela kwezo zipho. Sanukuhoya kwaphela kwisipho. Ukuba uThixo ufuna ukukusebenzisela into ethile, Uyakuyenza. Kodwa, jonga kuMniki.

⁴⁹³ UMartin Luther, kanye emva kokuthetha ngeelwimi, wabuzwa kutheni engazishumayeli, wathi, “Ukuba ndishumayela okuya, abantu bam bayakulandela emva kwesipho endaweni yoMniki.” Injalo lonto.

⁴⁹⁴ UMoody, ngelinye ixesha, ethetha, kwaye waqala, xana wayeshumayela phantsi kwempemfumelelo kakhulu, wathetha ngeelwimi. Wathi, “Thixo, ndixolele ngokushwantshwata amazwi obudenge.” Ngokuqinisekileyo. Yabona? Kwaye babenezozinto. Siyakholelwa ezo zinto, kodwa kufuneka zibekwe endaweni yazo. Kwaye akufuneki zibekwe njengobungqina.

⁴⁹⁵ Akukho nanye into eshiyiweyo eBhayibhileni, njengo “bungqina bukaMoya oyiNgcwele,” kuphela iziqhamo zikaMoya. Fumanisa nayiphi indawo akhe uYesu watsho njalo. Ewe, mhlekazi. Ubungqina bukaMoya oyiNgcwele sisiqhamo sowakho uMoya. UYesu watsho njalo, “Ngeziqhamo zabo niyakubazi.” “Kwaye isiqhamo sikaMoya luthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, uxolo, ububele, ubulali. Kwaye isiqhamo sotshaba bubutshaba, intiyo, ulunya,

imbambano, nanjalo njalo; eso sisiqhamo sotshaba.” Ke ungagweba ngendlela ophila ngayo, apho umi khona noThixo. Ukuba intliziyo yakho ikuthando naYe, kwaye uyamthanda Yena kwaye uthozamile, kwaye uhlale naYe imihla yonke, uyayazi ugqithile ekufeni wangena eBomini. Ukuba akunjalo, kwaye ungenye indlela, ulinganisa nje umKristu. Injalo lonto. Ntoleyo, konke ukulinganisa okukokwenyama ngokuqinisekileyo kuyakuvezwa. Siyakwazi oko.

⁴⁹⁶ Ke, sukuphila olwa hlobo lobomi, akudingeki ukwenze. Kutheni uyakwamkela into emele enye, ngelixa izibhakabhaka zonke ngasentla zizele kokulungileyo nokwenene? Ngokuqinisekileyo. Mandithathe uThixo, oko koko ndikufunayo. Amen.

⁴⁹⁷ Ngoku, ingaba kukho nabani oze ukuze athandazelwe? Ukuba wenzile, phakamisa isandla sakho. Sibenenkonzo yempiliso ngale ntsasa. Ndiyacinga ngoko... Eli nenekazi apha? Kulungile, dade, ungeza ngaphambili ngoko? Kunye nomzalwana wethu, umdala, apha, yiza ngoku ukwenzela ukuthanjiswa. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

. . . khanya kum;
Owu, khanya kum, Nkosi, khanya kum,
Yenza ukuKhanya okusuka kwindlu
yokukhanyisela iinqanawa kukhanye kum.

⁴⁹⁸ Akamangalisi Yena? Masithobiseni nje iintloko zethu, ngokuzole ngenene ngoku. Kwaye, *Khanya Kum*, kwakhona. Ngoku, yizani ngoku, wonke ubani, ukuba, “Khanya...” Nqulani nje Yena emphefumleni wenu ngoku, yabona, ukuzola. Inkonzo yempiliso iyeza. Umyalezo ugqithile. Masinquleni.

Yenza ukuKhanya okusuka kwindlu
yokukhanyisela iinqanawa kukhanye kum;
Owu, khanya kum, Nkosi, khanya kum.
Yenza ukuKhanya okusuka kwindlu
yokukhanyisela iinqanawa kukhanye kum.

Nje ukufana noYesu, ukufana noYesu, (Owu!)
Emhlabeni ndilangazelela ukufana naYe;
Konke ngohambo lobomi ukusuka emhlabeni
ukuya eLuzukweni,
Ndifuna nje ukufana naYe.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, okunjalo
ukubakuhle ukuKhanya,
Kusuka apho amathontsi ombethe wenceba
akhanyayo;
Kukhanye konke ukusingqonga, imini
nobusuku,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Nonke nina bangcwele bokuKhanya babazani,
 UYesu, ukuKhanya kwehlabathi,
 Ngoko iintsimbi zeZulu ziyakukhala,
 UYesu, ukuKhanya kwe. . .

Samkele, Nkosi, njengoko sinqula Wena.

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya
 okuhle,
 Ukuza apho amathontsi ombethe wenceba
 akhanyayo;
 Kukhanye konke ukusingqonga imini
 nobusuku,
 UYesu ukuKhanya kwehlabathi.

⁴⁹⁹ Anikuthandi na okuya kukhuhla? Niziva kamnandi? Phakamisa isandla, uxele. Kukho into ethile malunga nevangoma zohlobo lwakudala, iculo lwexesha lakudala, Ndingaxolela ukuba nazo kunazo zonke ezi ngoma zintsha zobuhlabathi zifakwayo, kunye nakumabandla obuKristu. Ndithanda eziya zexesha lakudala, ndiyathanda.

Yesu, ndigcine ngasemmqamlezweni, (Bethu!)
 Phaya elinqabileyo ithende,
 Livuleleke kuye wonke, umsinga wempiliso,
 Uqukuqela ukusuka kumthombo iKhalvari.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
 Owu, mandiqhayise njalo;
 Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
 Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

⁵⁰⁰ Ndimka ehlabathi ngokulula gqitha xana eliya liculwa, aninakuyenza? Injani ukumangalisa! Ingaba yonke izinzile? Niyayazi, ndiyavuya ndigqibile ukuyizinzisa, aninjalo? Ityala elidala ligqityiwe, ngexesha elagqitha kudala. Ndimxelele yena, “Nkosi, andifuni nanye ingxaki ezantsi emlanjeni. Ndi—ndifuna ukuqinisekisa ngoku.” Ndifuna ukwazi Yena. Ndifuna ukwazi Yena.

⁵⁰¹ Kukho omkhulu, omnyama umngxuma obekwe phambi kwethu sonke ngabanye. Siya ngala ndlela. Lonke ixesha intliziyo yethu ibetha, siyasondela ngokusondela. Kodwa xana ndifika phaya, andifuni kugxwala njengegwala, ndifuna ukuzisongela kwiingubo zobulungisa Bakhe, ndingena kuyo, ndisazi oku, ukuba, “Ndiyamazi Yena emandleni ovuko Lwakhe.” Okokuba, xana Ebiza, ndiyakuphuma phakathi kwabafileyo.

Olwam. . .

⁵⁰² *Lukhangela Kuwe Ukholo Lwam*, masiyiculeni ngoku.

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
 Mvana yeKalvari,
 Owu Msindisi oNgcwele;
 Ngoku ndive ndithandaza,
 Susa zonke izono zam,
 Ungaze undiyeke ndilahleke
 KuWe ndlela.

⁵⁰³ Ngoku, Mfundisi omkhulu, njengoko usifundisile kweLakho elimangalisayo iLizwi, iintliziyo zethu ziyangcangcazela nje, ngobabalo loxhwilo, ukwazi ukuba sidlulile ekufeni sangena eBomini. Yiyo yonke ngokulunga kweNkosi yethu uYesu, Owasibizayo, waze wasihlamba eGazini Lakhe, waze wasizisa phambi kweTrone kaThixo, simsulwa, singenakusolwa, kuba Wathabatha izono zethu. Asinasono. “UTHixo wabeka isikreko sethu sonke phezu Kwakhe, kwaye Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu.” Owu, indlela esiMthanda ngayo, imvana enkulu kaThixo!

⁵⁰⁴ Kwaye siyathandaza, Bawo, okokuba Wena uyakusinika ukuthetha, ukuvakalisa, ukuze sibe nakho ukuxelela abanye, ukuze babe nakho ukumazi Yena, kananjalo, kwaye bamthande Yena, kuba Yena uyabathanda. Siphe olu babalo.

Kwaye enkosi kuWe, Bawo, ngezo ntsana zisandula kuzalwa ezithe zangena ebuKumkanini bukaThixo. Zanga zingafumana elilungileyo ibandla elilikhaya ndaweni ithile, kwaye phaya bakhonze Wena kude ukufa kubakhulule kulo mzimba mdala wezinganyamezelekiyo iintlungu nobuhlungu, kuze kubazise phambi Kwakho, bemsulwa, bengenakusoleka, kwisigaba esizayo, kunye noBomi obunguNaphakade. Kuba sikucela oko eGameni Lakhe. Amen.



AMAHEBHERE, ISAHLUKO SESITHANDATHU 2 XHO57-0908E
(Hebrews, Chapter Six 2)

IMIQULU YE~~NC~~WADI YAMAHEBHERE

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngorhatya ngeCawa, ngoSeptemba we-8, ngowe-1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2022 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org